Intluzo Yendoda Ecingayo

Enkosi, Mzalwana Mann!...?..."Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela." Masithandaze.

Owu Thixo, ngenene yiloo nto engumnqweno wentliziyo yethu ngokuhlwanje, kukukholwa nje kuphela. Njengokuba sihlanganisene apha ngokuhlwanje kulo mnquba, ilanga litshona eNtshona, siyathandaza, Thixo othandekayo, ukuba Usenze siqonde ukuba kukufutshane na ukuba ilanga litshone kwixesha; liyaphela. Imini seyisangene. Kwaye siyakhumbula ngaxesha lithile xa imini yayisangene, abahambi ababini baKucenga ukuba ungene uhlale nabo. Waze Wena ngoko waZazisa kubo ngokucacisa iLizwi laKho nokubenza babone ukuba uKristu wayemelwe kukuva ubunzima, kuzo zonke ezo zinto kuqala.

2 Ngoko siyathandaza, Thixo, njengokuba imini seyiphela, ukuba Ungene ezindlwini zethu nakubomi bethu, usicacisele iLizwi, Nkosi, ukuze sithi ngobabalo kangako silibambe ngokobutyebi obuvela kuWe, njengesipho ezintliziyweni zethu ngaphakathi. Sanga asingeLitsibi; sanga singahlala njalo siLihlonipha ngeentliziyo zethu zonke.

3 SiyaKubulela ngoko Usenzele kona ngaba bas-esibhedlele ngale ntsasa, noko Ukwenzele inkwenkwe encinane kaMzalwana Capps ebilele, isondele ekufeni, kwaye ngoku yiyole iphakathi kwesi sihlwele ngokuhlwanje. Indlela esiKubulela ngayo, Bawo, ngazo zonke ezi zinto!

4 Siphe, Nkosi, ukuba sibe nokwazi indlela esimelwe kukuKunika ngayo udumo. Sithi nje...Kungaphaya kokuqonda kwethu ukwazi ukuba singaKunika njani na udumo. Kodwa, Nkosi, yamkela iintliziyo zethu njengemiqondiso yokubulela, yokuba siyaKuthanda. Kwaye xa si—sifuna ukwenza okulungileyo, sibonise emasikwenze. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

5 Bhotani ngokuhlwanje kule nkonzo ixineneyo ngokuhlwanje naphaya ngaphandle elizweni kwiminxeba. Bathi banxibelelene kwakhona ngokuhlwanje.

Ndiyathemba ukuba inkosikazi yam iphulaphule. Andikhange ndiyitsalele umnxeba, ngoko ndizakuyitsalela umnxeba emva kwale nkonzo.

6 Kwaye sinesaziso apha sokuba ngale ntsasa umntakobo Mzalwana Jackson...okanye uyise ekwimo embi, ukuba kwenzeke ukuba ngcono okukhulu, usenokuza ngomso.

7 Inkwenkwe encinane kaMzalwana Capps, abendibizele yona ngobunye ubusuku, andazi nokuba uMzalwana Capps ulapha kwesi sihlwele na okanye hayi, kodwa, nenkwenkwe encinane yakhe ibigula kakhulu.

Kwaze kwenzeka nje ukuba uJoseph nam sibe siphaya ezantsi kwi—kwindawo yokudubula, ndilungisa umpu omncinane wam wamashumi amabini anesibini. Bendinixelele ngawo kule veki iphelileyo. Kwaye ngokuqinisekileyo uyakuba ngumdubuli wenene. Ngoko ebefuna ukuqiniseka aze axelele uGarry noLarry into ayenzileyo. Waze wandixelela, ekubuyeni... Ndathi, "Umelwe kukuba umise u—uxelele uMzalwana uGene Norman malunga naloo nto."

Wathi, "Masime sixelele uBilly kuqala," umntakwabo.

Emva kokuba embonisile ukudubula okukuko athe wakwenza, wathi, "Ngoku ume kude nonyawo lwam." 'Yabona?

8 Kwaye sithe nje ukuba sifike apho, kuba, walila umnxeba, noBilly wangena ezekucela...Ndathi, "Isenokuba ngumnxeba womntu ogulayo ngoku." Kwaye besisandula ukungena, yabe inguMzalwana uCapps. Kwaye loo nkwenkwe incinane ibinendumbo yenwebu yesisu, isisithunzi esincinane nje kakhulu sethuba lokuba ingaphila. Yaye iNkosi iyiphilisile. Kwaye ngobunye ubusuku yathi iziva inohlobo oluthile lweentlungu, uNkosk. Woods wandixelela. Kwaye sasimnka ngobungxamo, ndaze nje...Ndathi, "Nkosk. Woods, seliphelile ixesha ngoku, yintsimbi yeshumi, ndiyathandabuza ukuba bangandivumela ukuba ndingene phaya esibhedlele." Ndathi, "Ndiyagoduka ndizakuvala nje ucango." Ndaze ndenyuka ndathandaza. Kwaye bathi loo nkwenkwe incinane ilapha kwesi sihlwele ngokuhlwanje. Ngoko sinombulelo kakhulu ngaloo nto. Kwaye sinovuyo.

9 Ngoku sibambelele; asikeva. Ukuba uMzalwana uLeo Mercia noDade Mercia baphulaphule, asikeva malunga notata wenu. Sithembe ukuva kwakamsinya, ukuba unjani na. Kodwa ndiphantse ndiqiniseke ukuba uyakuphila, ngoko sikubeke ngethemba oko kuThixo onamandla Onke, ukuba uThixo uyakumkhathalela lowo uthandekayo, indoda engcwele endala, nomakhwekhwethe womlungiseleli weVangeli.

10 Ngoku, owu, zininzi kakhulu izinto ezimelwe kukwenziwa, kwixesha elingaka ukuba lifutshane lokuzenza, ngoko sifaka zonke iinzame zethu ngoku koko sinokukwenzela iNkosi yethu.

11 Ndihle kwangethuba noko. Kwaye be—bendingaziva ndiphile ngokungaphaya kakhulu. Bendidiniwe, ndidinwe nje ngenene, ndaze ndangqengqa ngale njikalanga. Andikhange... Andikadli nesidlo sasemini. Ngoko ndi—ndiye ndangena, ndangqengqa nje phantsi yonke injikalanga. Bendiziva

ndingaphilanga, ngoko ndangqengqa apho. Ndaze ngoko ndaya ekuthandazeni, ndaziva ndingcono. Ndaphakama, ndanxiba impahla yam, ndeza enkonzweni.

12 Ngoko si—sithembele eNkosini uYesu ngoku ukuba Uyakuyisikelela imizamo yethu sisonke ngokuhlwanje, njengokuba kwisizwe siphela sizama ukunxibelelanisa le nxenye yoMzimba kaKristu, endithe ndanikwa ilungelo lokondla izimvu zaKhe. Kwaye ndithanda ukwenza kuphela okona kungcono ndikwaziyo, ekukhupheni uKudla okulungileyo endikwaziyo kwezimvu.

Kwaye ndilindele ngexhala loo yure apho sinokuthi sonke sihlangane kwindawo enye sishumayele ngezo Zibetho ziSixhenxe, neeNgqayi eziSixhenxe, namaXilongo, njalo njalo. Zonke zenzeka ngokudibeneyo. Naso isizathu sokuba kube kuyakusithabatha malunga neveki oko, iintsuku ezilishumi okanye ngaphezulu, ukukugqiba kwinkonzo enye, ukuba sinokuba nako. Ndicinga ukuba oko kwanele ngenene.

13 Ngoku, abaninzi benu bahamba indlela ende. Ndikhangele phaya, ndaze ndaqaphela nje, emzuzwini odlulileyo, igenge evela eTuscon. UNkosk. Sothmann, ndibona uMzalwana Fred efike ngokukhuselekileyo. Ndimbone phaya phakathi kwesihlwele kusasanje. Kwaye lowa ndiyacinga ukuba nguMzalwana Don Ruddell lowa uhleli ngakuye phaya emva, ngokuhlwanje. Siyavuya ukubona uMzalwana uDon ekhona. Kwaye uJunior, ingaba ukho uJunior apha, okanye usebandleni lakhe? Ndiyaqikelela ukuba banxibelelene nathi ngeminxeba ebandleni lakhe ngokuhlwanje.

Ngoko nonke bazalwana, sivuya kakhulu ukuba nibe lapha kunye nathi ngokuhlwanje, kwaye sithembele eNkosini ukuba ngamhla uthile thina, xa umhla wobomi uphelile nokukhanya kwethu okuncinane kobomi obunokufa kuqala ukuba luzizi kucima, asisayi koyika bubi, kuba ezantsi ukuphumela e—e. . .

14 Ndinengxelo nje eza kuni, phezulu e—phezulu e. . .e-Arizona, phezulu ePrescott. UMzalwana uCoggins ukhutshiwe esibhedlele. Ngoko sinombulelo kakhulu ngenxa yaloo nto. Kulungile. Ilungile loo nto. Ngoko siyivuyela ngokukhulu loo nto. Dade uMercier, utata wakho uchacha ngokulungileyo ngoku. Ndive nje, emva kokuba sithandazile, ukuba uzakuphila. Ngoko basenokuba baphulaphule; ndiyathemba ukuba benze njalo; kwaye ndicinga ukuba kunjalo. Ngoko siyivuyela kakhulu, ukuba umzalwana wethu a—abe uphilile ngoku, waye eyakuphila. Ngoko sibulela iNkosi ngenxa yazo zonke ezi zinto.

15 Bendinesicelo phezolo; umzalwana othandekayo apha, ndiyaqikelela ukuba unokuba akakho kunye nathi namhlanje. Umzalwana ovela ezantsi eKentucky, unditsalele umnxeba

malunga nentombi yakhe. Usapho oluthandekayo, kwaye loo—loo ntombazana izakuqhaqhwa, ngumama oselula onomhlaza emqolo. Ngoko sithandaza ukuba uThixo amkhulule lo mfazi uselula. Ndiyakholwa ukuba Uyakwenza njalo, ukuba siyakuthi nje . . .

Ibandla, sonke sihlangene, sinxibelelane sithandazele aba bantu, sisonke. Nantso into esimelwe kukuyenza, nje ngembumba. Njengokuba . . .

16 Njengokuba imihla isiya isondela ngokusondela, nokucuthana kwendlela, si—sifuna ukusondelelana sonke. Bethu, simelwe nje kukuba banye, mzimba mnye. Simelwe kukuba sishukume kunye, silibala omnye ngezono zomnye neeyantlukwano zethu, sisondelelene nje kakhulu nakakhulu nakakhulu, njengokuba siyibona loo Mini isondela. Sihlanganisana ndaweninye, sonke sintliziyo nye. Kwaye ukuba umzalwana, udade uthe waphuma endleleni, nakanjani na, makungabikho nto niyenzayo ngaphandle kokumthandazela loo mntu, ukuze ngothando, nihlale nibonelelana. Musani—musani ukuvuma kubekho nomnye wenu omkayo. Hlalani nikunye. Kwaye, ukuba ninako, yongezani abanye kuni, rhoqo, lonke ixesha.

17 Mzalwana Neville, ndisifumene isicelo sakho apha ngokubhekiselele kuMzalwana uWright, uMzalwana uGeorge Wright ohleli apha. Siyavuya ukuba uMzalwana uWright noDade Wright babelapha . . . Edith omncinane, mna . . . Ngenye imini xa ndifika, sifuna ukuba nenkonzo yesikhumbuzo encinane apha.

Andikhange ndibuyele emva ku-Edith naxa ebethe wemka. Kodwa, Dade Wright, uyalikhumbula iphupha awaba nalo kwiminyaka embalwa edlulileyo. Ndaze ndanixelela ngoko, ndathi, “Kukuthi, u-Edith omncinane akayi kuhlala nathi ixesha elide ngoku,” ngokuba iNkosi sele imxelele ukuba uyahamba, ngela phupha aliphuphileyo. Ndaze ndayifumana ingcaciso yalo, yayikukuba, wayezakuhamba ayokuhlangana noThixo. Malunga neminyaka emibini emva koko, wayakuhlangana noThixo. Ngoku ulindele utata nomama wakhe ukuba bawele loo mda wahlulayo, phakathi kokubhubhayo nokungenakufa.

18 UThixo anisikelele. Ndifuna ukuzama ukunibona kwangoku, ukuba nje ndinganako. Ngoko uThixo abe nawe noShelby, naye wonke umntu. Bendicinga ukuba ndibone uShelby kusasanje; bendingaqinisekanga.

Awunakubona kakuhle xa ulapha phezulu; isilingi isezantsi ngolu hlobo, kwaye ikhupha u—ukukhanya okunjeya. Ungazibona izithuba, kodwa awunako ukubabona abantu kakuhle.

19 Ngoku masiye ngqo eMyalezweni. Lo nguMyalezo endifuna ukuwufunda kwiNumeri 19:9 nakuma-Efese 5:26. Kwaye ukuba nina bantu nizigcinayo izinto ezibhaliweyo zetekisi, njalo njalo, kuba, nisenokuzibhala phantsi.

20 Ke ngoku nikhumbule, ukuba oku kuyashicilelwa . . . Andazi. Andiboni mntu. Ewe, ndiyababona, ndiyambona uMzalwana Terry ngapha kwi—kwigumbi lokushicilela. Kwaye ukuba oku kuyashicilelwa; kuya nakubaphina abefundisi nakwiyiphi na indawo, nangaliphi na ixesha, oku akubhekiselelwanga ekubeni ndingazihloniphi iimfundiso zenu, oku akubhekiselelwanga nakwizimvu zenu. Lo Myalezo, nayo yonke eminye iMiyalezo endithetha ngayo, ibhekiswa kwibandla lam. Ayiyoyebandla lenu ngaphandle kokuba bafuna ukuWamkela. Kodwa Ubhekiswa kwaba bantu balapha.

21 Abantu bayawathenga la makhasethi. Abantu kwihlabathi jikelele bayawathenga bawadlale. Ngamaxesha amaninzi bayabhala. Kwaye ndihlala ndibabhekisa kubo, ukuba bangamalungu webandla elithile, “Bonana nomlungiseleli wakho.”

22 Ngoku, mlungiseleli, ndifuna ukuba uyazi loo nto, ukuba, oku kuphela kuya kwibandla lam endithetha kulo ezi zinto. Kwaye ndinelungelo lokuyenza loo nto, ngokuba ndibekwe nguMoya oyiNgcwele ukuba ndaluse ezi zimvu. Kwaye yeha kum ukuba andibaxeleli oko ndicinga ukuba kuyiNyaniso, nendlela endicinga ukuba Kuza ngayo. Kodwa asiKokwehlabathi okanye amanye la amabandla. Yenzani nantoni na uThixo athi yenzeni. Andinakuniphendulela, ningenakundiphendulela nani. Kodwa simelwe kukuphendula ngabanye phambi koThixo, ngolungiselelo lwethu. Ngoko ke, ukuba ndimelwe kukuphendula ngolungiselelo lwam, ndimelwe kukuLishumayela ngendlela endibona Liyiyo, ngendlela eLityhilwe ngayo kum. Ngoko loo nto mayazeke ngoku.

23 Ngoku kwiNumeri 19:9, sifuna ukufunda lo mxholo, okanye esi Sibhalo, gxebe.

> *Indoda ehlambulukileyo yoliwola uthuthu lwethokazi, ilubeke ngaphandle kweminquba endaweni emhlophe, lugcinelwe ibandla . . .* (khangela ngoku) *ibandla loonyana bakaSirayeli lube lolwamanzi okuhlamba ukungcola: lidini lesono eli.*

24 Qaphela, asilolomntu wonke, “lolwebandla lwabantwana bakaSirayeli; amanzi okuhlambulula ukungcola.”

Ngoku kuma-Efese, isahluko se-5, siqale kumqolo wama-22.

> *Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, ngokokululamela iNkosi.*

Ngokuba indoda le iyintloko yomfazi, njengokuba naye uKristu eyintloko yebandla eli; waye yena ngokwakhe engumsindisi wawo umzimba.

Ke kwanjengokuba ibandla eli limlulamela uKristu, mabathi ngokunjalo nabafazi bawalulamele awabo amadoda ezintweni zonke.

Nina madoda, bathandeni abafazi benu, njengokuba naye uKristu walithandayo ibandla, wazinikela ngenxa yalo;

Ngoku nantsi into endifuna ukuyithetha ngoku.

Ukuze alingcwalise elihlambulule ngokuhlamba kwamanzi ngelizwi,

25 Ngoku, lo mxholo mncinane ngokuhlwanje, ukuba ndinokuwubiza ngokuba yitekisi. Ndiyathemba ukuba kubantu abalapha, kananjalo kwabaphandle kunxibelelwano lwemfonomfono, abasayi kungakuhloniphi oku bacinge ukuba kwenzelwe indlela yokuhlambela. Nangona, ukuthatha itekisi enjengale, kungavakala kukokuhlambelayo. Ingongoma endiyisebenzisa ngokuhlwanje ithi: *Intluzo YeNdoda Ecingayo*. Loo nto ivakala iyenobundlobongela kuloo ngongoma, ukuba umlungiseleli ochasene nokutshaya kangaka, angathatha itekisi enjalo, *Intluzo YeNdoda Ecingayo*. Imelwe kukwenzeka, kuba, ngenye intsasa xa ndandiye kuzingela oonomatse abahlala emithini.

26 Ukuba nina bantu nilapha ngaphandle e—ngaphandle kunomathotholo, emoyeni, okanye kumaza emfono-mfono, ningabona imbonakalo esebusweni beli bandla ngoku bendivakalisa le tekisi, ngenihlekile ngenxa yaloo nto. *Intluzo YeNdoda Ecingayo*.

27 Ke, konke oku kwenzeke phaya phezulu apho iNgelosi zeNkosi zavela khona kum ngenye intsasa, baze abo nomatse kwathethwa bakhona. Nonke niyayikhumbula xa yathi yenzeka loo nto. Kwaye, kananjalo, kanye encotsheni yenduli apho ndandimi khona, kwakulapho . . . kanye nje phambi kokushunyayelwa kweZigaba eziSixhenxe zeBandla, ndisiya kuzingela ngenye intsasa phambi kokuba kuthi qheke ukusa. Kwakumi . . . Ndandicinga ukuba ilanga laliphuma, malunga nentsimbi yesine ekuseni. Ngokungaqhelekanga; ndabona okwa kuKhanya, ndaze ndaguquka, nako kumi ezo Ziphatho zesibane ziSixhenxe zeGolide zimi apho phezulu phezu kwencopho yenduli, zinokufana nomnyama wezulu kuphuma kunyuka ngemibhobho kuphumela ngaphandle.

28 Ngesiquphe emva koko, iNkosi uYesu yavela kuthi. Kwaze kwathi kanye ngoko ndeva iZwi elathi, "UYehova weTestamente eNdala unguYesu weNtsha." Kwaye yayinguYe lowo, emva komzuzwana, watyhilwa emva kwezo Ziphatho

zesibane ziSixhenxe zeGolide. Ngoko ndaqaphela loo nto. Bangaphi abayikhumbulayo loo ngongoma? Ndayibhala ngemva kwi—kwibhokisi ye—yeembumbulu endandinayo epokothweni yam. "UYehova weTestamente eNdala unguYesu weNtsha." UThixo oseZulwini uyazi ukuba loo nto yayiyinyaniso.

29 Ndathi ndakuwela kuloo ndawo apho Wavela khona kum kancinane emva koko, malunga nonomatse abahlala emithini.

30 Ngoko ndathi ndakutsalela umnxeba umhlobo wam olungileyo, uJack Moore, kwinyanga ezimbalwa emva koko, ukuba ndibuze; ndathi ndakuqalisa ukushumayela iZigaba eziSixhenxe zeBandla, kwiZityhilelo 1. Kwaye Yena wayemile, emhlophe wonke; iinwele zaKhe zazifana noboya. Wayenokuthini Yena, enamashumi amathathu anesithathu eminyaka ubudala, abemhlophe wonke? Kwaye uMzalwana Moore, elilunge kunene, elichubekileyo, inene loMkristu, nesifundiswa, esona singcono ndisaziyo; waze wathi, "Mzalwana uBranham, yayinguYesu lowo ekwimo yaKhe yobuqaqawuli. Naso isizathu sokuba Akhangeleke enjalo ngoku." Kodwa oko akuzange kuvakale kube nentsingiselo kum. Ndaze ndahlala ndithandaza kwade ngenye imini . . .

31 Phambi kokuba ndiqalise ngeZigaba eziSixhenxe zeBandla, ndandingakwazi kusilungelelanisa kakuhle esa sahluko so-1 ingathini iNdoda, enamashumi amathathu anesithathu eminyaka ubudala, iphinde yemiswa kumzimba omnye abathi ivusiwe abapostile baMqonda ekuwo, bamazi ukuba yayinguYe; kwaye Angathini ukuba abe mdala kakhulu, mhlawumbi malunga namashumi asibhozo okanye amashumi alithoba eminyaka ubudala, enoboya obukhulu obumhlophe ebusweni baKhe, nendevu zaKhe zimhlophe ngokwekhephu?

32 Ndandifunde ngaphaya eNcwadini ye . . . kaDaniyeli, apho weza ku "Nyange leMihla, Owayeneenwele ezimhlophe njengoboya." Ndaze ndambona loo Nyange leMihla. Wayengulo Nyange leMihla, isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. 'Yabona, yayingumzekeliso lowo, ngoko.

Kutheni ukuba ibe buboya obumhlophe? Kwaye ngoko mna . . . UMoya oyiNgcwele wakhangeleka ethetha nam malunga nomfanekiso endawubona ngaxesha lithile, wejaji yamandulo. Ndaze ndaya kwezembali; ndabuyela kwimbali yeBhayibhile nakwinto yonke, ukuze ndifumanise. Kwaye abagwebi bakudala, njengombingeleli omkhulu kwaSirayeli, kwakufanele ukuba abe nobo bumhlophe, ezo nwele zingwevu zifana noboya neendevu, ngokuba ubumhlophe phezu kwakhe babubonakalalisa ukuba wayeligunya elongameleyo leejaji kwaSirayeli.

Kwaye nanamhlanje, nokuhla kumakhulu ambalwa eminyaka edlulileyo, mhlawumbi kumakhulu amabini

eminyaka eyadlulayo, okanye mhlawumbi kungangabinjalo, kube kudana kunoko. Zonke iijaji zamaNgesi, akunamsebenzi nokuba zaziselula kangakanani na okanye zindala kangakanani na, xa zazingena zisiya kwenza isigwebo, zazithwala iwigi emhlophe; ukubonisa ukuba akukho gunya lilelinye, kobo bukumkani, ngaphezu kwelizwi lazo. Ilizwi lazo lisisiqiniseko sobukumkani. Oko bakuthethayo, kuphelele apho.

33 Ke ngoku, ngoko, ndayibona loo nto. YayinguYe lowo emi apho, nakubeni eyiNdoda eselula, kodwa iwigi emhlophe iphezu kwakhe. Wayelelizeleyo, iGunya eliyintloko. WayeliLizwi. Kwaye Unayo, uthwele isigqubuthelo esimhlophe.

34 Ngoko, ethubeni emva koko sakuba sigqibile, ne—intshumayelo, ndaze ndaphuma ndaya entshona, naxa iiNgelosi zeNkosi zavelayo phaya ngaphandle ngenxa yaMatywina aSixhenxe, zaze zenyukela emoyeni (esinomfanekiso wayo loo nto apha, nakwisizwe sonke jikelele), yayinguYe lowo emi apho, esagqutyuthelwe ngegunya eliyintloko. UyiNtloko yeBandla. UyiNtloko yoMzimba. Akukho nto ifana naYe, naphi na. "Wazenza zonke izinto ngokwaKhe. Wazenzela Yena zonke izinto, kwaye ngaphandle kwaKhe akukho nto yenziwayo." "Unalo lonke igunya eMazulwini nasemhlabeni," kwaye yonke into yeyaKhe. "Kwaye kuYe kuhleli inzaliseko yeNtloko-buthixo ngokomzimba." "Kwaye uLizwi wayenguThixo, wenziwa inyama phakathi kwethu." Kwaye yayinguYe Lowo Watyhila imfihlelo iphela yecebo lonke losindiso, abathi bonke abaprofeti namadoda azizilumko athetha ngalo. Nguye kuphela Owayegqutyuthelwe ngegunya eliyintloko.

35 Ngoku, ndime, phezulu phaya endulini ngenye intsasa, kwakhangeleka ngathi bekukho oonomatse abebenqumla apho. Ndaze ndaqalisa ukuhlala phantsi. Ndabe ndilapho okomzuzwana, xa, loo matyholo athi ashukuma ngakum, waze umfo omkhulu onento enemibhobho emibini yompu wakudala wento esiza ehamba ephumela ematyholweni apho, waphantse wandothusa zacima izibane kum. Ndawelela ngaphaya, ndagontsha phantsi; ndandisoyika ukushukuma, ndisoyika ukuba angandidubula. Abe amatyholo eshukuma, ngoko ndahlala nje ndazola.

36 Unomatse osemthini waqala ukunyuka eqabela induli, waze wadubula ngayo yomibini loo mibhobho. Ngoko ke wamphosa, waze loo nomatse wehla ngaphaya kwenduli. Ndacinga, "Ngoku ndiza kumka apha, yonke laa ngxolo iyaphinda-phinda. Umpu wakhe awunanto ilayishiweyo yakudubula."

Ndaqalisa ukuhla induli, waze lo mfo wadubula kanye phambi kwam. Loo nto yandijikela *ngapha*. Ndaze ndaqalisa

ukuya ngaphaya, ukuhla ngenye indlela, wadubula ke umpu omfutshane wamashumi amabini anesibini, zabe iimbumbulu zindiza phezu kwam. Ndathi, "Uthi, ndikwindawo eyoyikekayo."

37 Ngoko ndajika ndahamba ndehla ngomlambo. Ndaze ndacinga, "Ndiza kuhla apha ndizimele ade agqibe, ukuze ndibe nokuphuma." Kwathi endleleni yokuhla ke, kwenzeka ndatsaleleka . . . Ndatsaleleka ekujongeni ngakwicala langasekunene lam. Ndaze, ekwenzeni kwam njalo, nako kulele ipakethe yesigarete engenanto apho umntu othile wayeyilahla khona phantsi, koko kubaleka kwe . . . xa oonomatse basemithini babephinyela ematyholweni.

38 Ndaze ndayichola le pakethe ithile iyeyomdiza, ndaze ndajonga . . . andizange ndiyichole; uxolo. Ndayijonga. Andizange ndiyichole, kuba andilithandi ivumba lezo zinto, indawo yokuqala. Ndajonga phantsi apho, kwaye yi— yinkampani ethile yecuba endiqikelela ukuba mandingalibizi igama layo, kodwa niyakwazi. Yayisithi apho, "Intluzo yendoda ecingayo nencasa yendoda etshayayo."

Ndakhangela kuloo nto, ndaza ndacinga, "Intluzo yendoda ecingayo?" Ndacinga, "Ukuba indoda iyacinga kwa ukucinga, ayinakutshaya kwa ukutshaya. Ingathini ke ukuba 'yintluzo yendoda ecingayo'? Indoda ecingayo ayinakutshaya konke." Kulungile.

39 Ngoku, ndacinga, "Iyinto eqhatha kanjani ke loo nto!" Ngoku, eza nkampani zecuba zimelwe ukuba ngamaMelika. Kwaye owu, ukuba singaphila ngokwenkqubo yethu, besinokusebenzela ukuncedana, ukuba siyavelana omnye nomnye. Kwaye bobunjani ubuhanahanisi! Isizathu sokuba ndibe andilibizanga igama lalo nkampani, ndimelwe kukuthetha izinto ezimbi ngabo. Yaye yenjani indlela anokuba ngumhanahanisi ngayo nabani na, ukuze enze imali?

40 Indoda ecingayo ayisayi kutshaya konke. Kodwa indlela uluntu lwaseMelika oluyiwela ngayo loo nto; bacinga ukuba yinto ebalulekileyo!

41 Ngoku khangela, awunakho, awunakho . . . Ungabuza nabani na, iinzululwazi, oyaku . . . ofuna ukuzibuza. Awunakuze utshaye ngaphandle kokufumana incindi eyitela. Ukuba kukho intwanana encinane yomsi ophumayo, yitela leyo. Kwaye ukuba awufumani msi, ke, awufumani tela konke konke, yaye akukho nto uyifumanayo. Utsala nje kukhuni olomileyo. Kodwa okoko nje ufumana umsi othile, ufunxa umhlaza, intshongo.

42 Ukuba wawunokuba kunye nam kulo nyaka uphelileyo, okanye kongaphambi kwalowo, ndicinga ukuba yayinguwo, kuMboniso weHlabathi, apho uYul Brynner nabo bonke abanye ababelapho besenza imiboniso, kwaye

wawunokubabona bethabatha imidiza, bawufake kwinto ethile, bawunqamlezise kwiqhekeza lelitye elikhanyayo. Aze lo gqirha akuthabatha isiziba, asisongele apho asuse intshongo kuwo, ayifake kumva webuzi elimhlophe, alivalele ehokweni. Kuze kuthi njalo ngeentsuku ezisixhenxe bayikhuphe. Yabe impuku izele kangako ngumhlaza kangangokuba ingabinakuhamba, isuka kwintshongo ephuma kumdiza omnye.

43 Waze ke wathi, "Uyazi, batsho ukuthi awunaku-yifumana ngaphaya kwentluzo." Wathi, "Awunakuba nakuyihluza . . . Nayiphi na intluzo enokukhupha intshongo, iyawukhupha umsi," wathi, "ngokuba umelwe kukuba nomsi . . . ube netela ukuze kwenzeke umsi, kwaye yitela eyenza umhlaza."

44 Waze ke wahamba, wayitsala yaphumela emanzini, waze wathi, "Ngamanye amaxesha ucinga ukuba ungayihluza ishiyekele." Wathi, "Lonke ixesha, ekuthi, akunamsebenzi nokuba uyitsale yaphumela phi na." Wathi, "Bathi, 'Andiwubizeli ungene ngaphakathi,' bawufaka nje emlonyeni wabo baze bawuvuthele uphume." Waze wathatha loo nto wayisongela, waza wayibeka phantsi kwento ethile apho, waze wabonisa ukuba yayisengumhlaza. Wenza ntoni? Uyawuginya uhle emqaleni wakho. 'Yabona? Kwaye akukhathaliseki nokuba wenze ntoni na, isekukufa. 'Yabona?

45 Kwaye ke ukucinga ukuba inkampani ingaqhatha umntu ngokweneleyo, okanye izame ukuqhatha abantu bakowayo kanye. Kunjengexhalanga liphila ngaphandle kwawakokwalo, uhlobo lwalo kanye. Ukwenza imali, kuthengiswa ukufa kwi—kwilizwe, nakubafana. Baza baphume phaya ngaphandle kwithafa ledabi babafele, baze bajike babathengisele into enjengaleyo, phantsi kwemilo yobuxoki, "Intluzo yendoda ecingayo, kodwa incasa yendoda etshayayo." Umelwe kukuba utshaye ukuze ufumane loo ncasa. 'Yabona? "Incasa yendoda etshayayo"?

46 Indlela abayiwela ngayo abantu, nangoko! Bayalifumana. Ngoku, yinto nje yokunilukuhla ngakumbi. 'Yabona, ngumtyholi. Ababukhathalelanga ubomi benu. Abanavelwano nani. Banithengisela loo nto ukuze banibukele nje nisifa, okoko nje befumana imali.

47 Njengezepolitiko nemfazwe. Andikholelwa kwimfazwe. Andikholelwa ekubeni simelwe kukuba sibe saba namfazwe konke.

Ndikholelwa kuBukumkani obukhulu obuziswa nguThixo, impucuko enkulu eyakuhliswa phantsi kolawulo lwaKhe Buqu olukhulu; akusayi kuze kubekho enye imfazwe. Isizwe asisayi kuphakamiselana zikrweqe nesinye isizwe. Zonke ziyakuba luxolo, uxolo olunguNaphakade.

48 Ngoko olu hlobo lwempucuko luzisa imfazwe. Okukhona siya siphucuka, phantsi kolu, kokukhona siya siba nemfazwe ngakumbi. Omnye azame ukuba ngophucukileyo kunomnye, kwaye okukhona siya siphucuka oko kwenza imfazwe ngakumbi. 'Yabona?

49 Kwaye khangela ukuba yintoni na, phantsi kwale mpucuko, ukuze umntu abe nokukhupha into enjengaleyo. Kwaye into eyenzayo kuphela, ikuqhatha nje ukuze ikwenze uthenge eminye imidiza. Kuba ukuba indoda itshaya imidiza . . . Kwaye ndiyakholwa ukuba yinto yedemoni, kwaye kukho idemoni yentshongo endodeni nakuye, okanye emfazini. Ukuba umdiza omnye uyakwanelisa loo demoni yentshongo ide ikuyeke iyeke ukukungcungcuthekisa, ngomdiza omnye. Uze ke uthathe intluzo, wenze nje ukuba isinye kwisithathu saloo msi siphume apho ngoko, okanye isinye kwisithathu saloo ntshongo siphume apho, ngoko iyakuba yimidiza emithathu eyakuthabatha indawo yaleyo, kwaye uyakutshaya ibe mithathu kwenye.

50 'Yabona, kuphela li—liqhinga, bubuqhinga, iqhinga lokuzama ukuthengisa imidiza. Bangathengisa ibe mininzi ngolo hlobo kunokuba benokwenza ngokuyeka nje umntu atshaye icuba elithe ngqo kwinqawa yakhe okanye kumdiza wakhe. Ngoku, 'yabona, yinto yomtyholi.

51 Ndathi ndimi apho ndijongile, ndicinga ukuba yinto elukuhla kanjani na leyo, kwafika umbuzo kum. Ndaze ndathobela ngasemva, ndakhangela kuloo pakethe kwakhona, ndaze nda . . . kwakhangeleka nje ngathi kukho into ethile eyathi kum, "Kodwa iqhalo eli lilungile, 'intluzo yendoda ecingayo, incasa yendoda etshayayo.'" Kwafika kum ukuba okwakuqhatha, kananjalo, kwimo yasenyameni apho ecubeni, kukwinto ethile engqamana namabandla anamhlanje, 'yabona, ubuqhinga.

52 Kufikelele ekubeni ihlabathi liphela libe bubuqhinga obukhulu bento eyinyaniso ngenene nento elungileyo. 'Yabona, kwa kwezombuso, kwizinto zasekuhlaleni, esikolweni, kuyo yonke into, ibe bubuqhinga.

53 Umfo oselula wandixelela ukuba ngenye imini wayesezantsi kwinkampi yomkhosi, laze ijoni eliselula latshayiswa yinqwelo enkulu yasemkhosini; imiphunga yalo, isisu salo, okanye nantoni na ekwakuyiyo, yagqabhuka. Baze benyuka baya esibhedlele; babenesithathu okanye isine soogqirha esasimi apho emgceni, wabe wonke umntu eme emgceni. Abe amajoni amabini okanye amathathu ebambe umhlobo wawo emphakamisile, kwabe kunzima nje kuye ukuba abe nokuphefumla . . . Lonke ixesha ephefumla, olwa bambo lwaluhlaba kanye kwimiphunga yakhe, loo nto imenzele ukuba ophele ngaphakathi. Bamyeka ke loo mfo

mncinane wema apho kuloo mgca, emva kakhulu kuloo mgca, babayeka, abanye babo bafo kwakungekho nto banayo koko iyindlebe ebuhlngu okanye into enjalo, bahamba ngaphambili.

54 Kwathi malunga nexesha ayakufika ngalo apho, umphathi-mkhosi othile wangena enomntwana omncinane owayenerhashalala, inkwenkwana yakhe okanye intombazana eyayinerhashalala esandleni sayo. Baze bawumisa loo mgca, ukuze bangenise umntwana womphathi-mkhosi, wabe laa mfana egqabhukile, esifa. Nantso ke.

55 Owu, ukuba loo mphathi-mkhosi wayenovelwano olululo ngomntakwabo ophaya phandle emgceni, ngewathi, "Lo mntwana angake alinde. Nyusani laa ndoda ize apha ngokukhawuleza, yenzeleni into!"

56 Kodwa wonke umntu ufuna ukubonakalisa igunya lakhe. Ngoku, abanjalongo bonke; hayi, abanjalongo bonke. Kodwa baninzi kakhulu abanjalo. Baninzi kakhulu kubo abalolo hlobo. Kodwa laa ndoda, inye into eyayicinga ngayo, yayiyinkwenkwe eyeyayo eyayinerhashalala esandleni sayo, ingacingi ngalaa mfana ulusizana umi phaya etyumke phantsi kwenqwelo yomkhosi, kwaloo nqwelo mhlawumbi kwaloo mfana wayenokusindisa ubomi bakhe ngenye imini kwithafa ledabi. 'Yabona, abemi ukuze bacinge; bazicingela bona kuphela.

"Intluzo yendoda ecingayo."

57 Ndakhangela kuyo, ndacinga, "Yinto ethile efana ne—neemvaba zanamhlanje, amabandla esinawo." Ngalinye kuwo linentluzo yalo; banohlobo lwabo lwentluzo eyeyabo. Bavumela nje ukuba kungene oko bakufunayo, ukuze kube koko bangakufuniyo ukuba kungene; oko bakuhluzela ukuba kungene bakuhluzele ukuba kuphume, ngohlobo lwabo lwentluzo. Bavumela nje okungaka kwehlabathi ukuba kungene ukuze kwanelise abangakholwayo abangaphakathi apho. Bayakubangenisa akunamsebenzi nokuba bayintoni na, ukuba banemali. Bayakubangenisa kungenamsebenzi nokuba bayintoni na, ukuba bangabadumileyo.

Kodwa kukho into enye malunga noko, awungeke ungene kwiBandla likaThixo ngolo hlobo; hayi ihlelo ngoku, ihlelo ngoku, ndithetha elenene, iBandla likaThixo elililo.

58 Kanye njengeenkampani zecuba zanamhlanje, abantu abangena kula mabandla okanye amahlelo sele exeliwe, banencasa, kwaye loo ncasa zezodidi zehlabathi. Kwaye hlelo ngalinye linentluzo eyeyalo, kwaye bahluzela ngaphandle onke aMakristu enyaniso ayakuthi, "amen" xa eshumayela; aze angenise bonke abanqothule iinwele, oo-Izebhele abaziqabe ubuso abalapha elizweni, okoko nje bengabadumileyo. "*Usibani-bani* uhamba kweyethu. . . inkwenkwezi yemiboniso bhanya-bhanya, umntu obalulekileyo." Nalo uhlobo lwentluzo

abalusebenzisayo. “Ihlelo lethu. *Usibani-bani*, umongameli, okanye u—okanye umphathi-mkhosi, okanye umntu othile ongowehlelo lethu.” ’Yabona ukuba hlobo luni na lwentluzo abalusebenzisayo? Yiloo ntluzo, kakade, yeyehlabathi, abantu behlabathi.

59 Abantu, bayazi ukuba bafuna ntoni na. Ngoko ukuba bamelwe kukuyifumana loo nto bayifunayo, ngoko kuyakufuneka ukuba babenohlobo oluthile lwentluzo, ukuze okungako kwehlabathi kukungene kuphumele, ukuze kwanelise incasa yabo esehlabathini. “Intluzo yendoda ecingayo, incasa yendoda etshayayo.” Intluzo yehlabathi lezenkolo, nencasa yabantu behlabathi.

60 Bafuna ukuba ngabenkolo. Bacinga ukuba bamelwe ukuba babengabasenkolweni, ngokuba banomphefumlo.

61 Ekuqaleni kwethu ukuza kweli lizwe, nafumana amaNdiya enqula amalanga nezinto enjalo, ngokuba (kutheni?) ungumntu ophilayo. Siya emva kumahlathi ase-Afrika, sifumane abantu abangabelo lizwe benqula into ethile. Kuba? Bangabantu abaphilayo, kwaye bayafuna, banyanzelekile ukuba banqule.

62 Ngoko umntu, akunamsebenzi nokuba uwe kangakanani na, uhlala esazi ukuba kukho into ethile kwindawo ethile. Koko unencasa ethile yehlabathi, ngangokuba akanakuyithabatha intluzo echanekileyo. Umelwe kukuba abe nentluzo eyeyenziwe nguye. Mntu ngamnye enohlobo lwakhe lwentluzo.

63 Nkampani nganye yomdiza iqhayisa ngeyayo, into abanokuyenza, “Intluzo yenene! Le yeyona ntluzo ingcono! Konke kuphuma phambili!” Nazo zonke izinto ezinjalo. Bathi, “incasa iyaphuma,” okanye into eyenye, “ngokuphuma phambili.” Owu, yiba nenceba. “Ngokuphuma phambili”? Yintoni ephaya kwisiphelo esisemva sayo, ngoko? Ngokuqinisekileyo asiyondoda icingayo okanye umfazi ocingayo. Kodwa nantso into abayithethayo, baqhatha njeabantu ngokulula.

64 Ngoku sifumanisa ukuba, ngomhla wethu, ukuba abantu banencasa. Kwaye yintoni eyenza ukuba umntu atshaye umdiza? Kukuze anelise incasa. Yintoni eyenza ukuba umfazi atshayele yona umdiza? Kukwanelisa incasa.

65 Kwaye ukuba ibandla lithe laqonda, iqela labenkolo, lona . . . ukuze lifake abantu apho, bamelwe ukuba babenohlobo oluthile lwentluzo ukuze banike abantu incasa abafuna yona. Ngoko ukuba abayi kufumana kwancasa bayifunayo, abawufuni umdiza. Kwaye ukuba abanakuyifumana incasa abayifunayo enkolweni, abayithabathi inkolo. Ngoku, ngokucace kangangokuba kunokuba njalo.

66 Abafazi benxibe iibhulukhwe ezimfutshane, benqothule iinwele, beziqabe ubuso, benxibe ngokuvelisa umzimba, bafuna loo nto. Bayayithanda loo nto.

67 Njengokuba bendithetha ngale ntsasa kwi...ngentsasa yeCawa ephelileyo, ngela vili lisembindini wevili, okanye laa ndawo incinane ingumphefumlo ongaphakathi ngaphakathi komoya. Indlela ekuthi ngayo umoya ongaphandle, phakathi komphefumlo nomzimba, ube ngokupheleleyo ungathanjiswa ngoMoya oyiNgcwele. Ingaba niyiqondile nonke loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

68 Ngoku ukulandela loo nto malunga nenkqubekeko yoMyalezo, *uThixo Weli Hlabathi, Abathanjiswa Ngemihla Yokugqibela*. Oko kungaphandle, esa sangqa sisembindini... Isangqa sokuqala si—sizizimvo zobuntu. Isangqa sesibini zizimvo zomoya; ukuthanda, ukuzithandela, umnqweno, njalo njalo. Kodwa umphakathi ngumphefumlo; loo mphefumlo wawumiselwe ngenxa engaphambili.

Ngoko, bangawuthambisa loo moya ukuba wenze loo mzimba ungaphandle uthobele umoya. "Kodwa umphefumlo owonayo, loo mphefumlo uyakufa" umphefumlo owalayo, ngokungakholwa, iLizwi likaThixo, eliyinxalenye yawo, loo mphefumlo uyakuthi ngoNaphakade...sele wenze njalo, uyakuhlala usenza njalo.

69 Ndiyakholwa ekufeni okunguNaphakade, kanye njengokuba ndikholwa kwiZulu elinguNaphakade, kodwa hayi isihogo esinguNaphakade. Akukho nto injengesihogo esinguNaphakade. Akukho kufa kunguNaphakade kubantu aba...Abaninzi babo, ngabenkolo, ehlabathini namhlanje, bahlala befile.

70 "Umfazi ophila eziyolweni," neenwele zakhe ezinqothuliweyo nobuso bakhe obuqatyiweyo, "ufile ngoku adla ubomi." IBhayibhile yatsho. 'Yabona? 'Yabona, usenokuba ngowenkolo, kodwa akazange asindiswe. Unemihlali yangaphandle. Usenokucula ekwayaleni okanye usenokuxhentsa ekuMoya, usenokuthetha ngeelwimi, abe nazo zonke izibonakalaliso zoMoya. Kodwa ngaphandle kokuba loo mphefumlo ungaphakathi ube uyintombi kaThixo, 'yabona, kuphelile ngaye, kungenamsebenzi nokuba wenza ntoni na.

71 USirayeli konke ngaphandle wayengowomoya, ezaliswe wonke kukulunga kukaThixo, nendlela ababemhlonela ngayo uThixo, njalo njalo, kodwa loo nto ayizange isebenze. Umphakathi wabo wawungenakuliqonda iLizwi ngokwaLo.

72 Kodwa xa uzelwe ngoMoya kaThixo, ngoko une... ungunyana kaThixo, kwaye wawuhleli ungunyana kaThixo, kwaye uyakuhlala ungunyana kaThixo. Akukho ndlela yakuyahlula loo nto, ngokuba yi...unoBomi obunguNaphakade. Kwaye uNaphakade akazange abe nakuqala; engasayi kuze abe aphele.

73 Owu, ngenxa yobabalo lukaThixo, ukuze Abe nokusipha ukuqonda kweemfihlelo ezinkulu olo hlobo! Njengokuba uPawulosi wathethayo apha, kwindawo esemazantsi ukuhla kuma-Efese, ethetha ngomyeni nenkosikazi, waze wathi, "Le yimfihlelo," indlela abathi ngayo abafazi bamelwe kukuhlonipha abayeni babo. Nakwindawo yesibini, ndiyakholwa ukuba kunjalo, kwiBhayibhile iphela, apho intlonelo kwathethwa ngayo kubo. Yathi, "Abafazi, kubonwa intlonelo yakhe kumyeni, ehlonipha umyeni wakhe." Ngoko umyeni umelwe kukuphila ubomi obulolo hlobo phambi kwenkosikazi yakhe ngokokude inkosikazi yakhe imhlonele ngokonyana kaThixo. Kwaye ukuba akaphili olo hlobo lobomi, ke, ngoko, kakade, ayisayi kumhlonela, ngokuba iyazi ukuba ungubani na. Kodwa xa indoda iyindoda enentlonelo, ihloniphekile icocekile, kwinkosikazi yayo naphambi kosapho lwayo, isicaka senene sikaThixo, ngoko abafazi, abantwana, nako konke, bamelwe kukusihlonipha eso sicaka sikaThixo, ngentlonelo.

74 Qaphela ngoku. Abafazi, bafuna ukuba neenwele ezinqothuliweyo. Bafuna ukunxiba iibhulukhwe ezimfutshane, baziqabe, isiqabo sobuso. Ezi mpahlana zangaphantsi zincinane nezinto ezinjalo ba—bazinxibayo ngale mihla, bafuna ukwenza loo nto; kwaye nangoko bafuna ukuya enkonzweni. Uyayibona loo ntambiso iphezu komoya, hayi phezu komphefumlo. 'Yabona?

75 Bathi, bafuna ukuba nguMkristu ukuze bazenze nezi zinto kananjalo, aze umlungiseleli athi kulungile. Ngoko ukuba uthi kulungile, "Ungaba lilo ilungu; igama lakho lingabhalwa encwadini yebandla lam apha; kulungile," ngoko umnika intluzo yakhe yobuhlelo ukuze ilungele incasa yehlabathi yalo mfazi. Uyalithanda ihlabathi; uyayithanda incasa yalo. Ngoko yena unentluzo yakhe, kodwa yena ukude le ekubeni ngumfazi ocingayo. Kodwa nantso ke. Nako apho ndiyifumene khona le ngongoma.

76 Hayi, akanguye u—umfazi ocingayo. Ukuba ebecinga, ebeyakwazi ukuba ibandla aliyi kumgweba ngoMhla wokugqibela. Ibandla limgweba ngoku ngobulungu bakhe, ukuthembeka kwakhe kuloo maqela angawawo nasekuhlaleni. Bayamgweba ngoku ngaloo nto. Kodwa uThixo uzakumgweba ngoMhla wokugqibela. Ngoko akanguye ocingayo.

77 Kanye njengendoda etshayayo; iwuthanda umdiza wayo kangangokude amajelo ayo okucinga abe enziwe abuthathaka yintshongo. Kwaye iminqweno yomfazi yenze buthathaka amajelo akhe okucinga wade wenza ezi zinto zingcolileyo emehlweni eNkosi, kuba ufuna ukuzenza; zanelisa incasa yasehlabathini yaloo mfazi. Ngoko uthabatha intluzo yehlabathi yenkonzo; ukuphumela kanye ngaphaya kwayo, ngokucolekileyo, kungekho nto yakumkhathaza. Oko kubonisa . . .

78 Ngoku siyabona ukuba oko kuyiNyaniso. Aze umlungiseleli athi, “Oko kulungile. Asibagwebi abafazi ngokwenza loo nto. Kulungile.” Kukho isono esingako ngaphakathi kuyo; esithe saphumela kwintluzo yakhe. Oko kubonisa ukuba baphumele kwintluzo yemfundo yezakwalizwi. Kwaye banencasa yemfundo yezakwalizwi; kwaye banencasa yemfundo yezakwalizwi. Kodwa ngokuqinisekileyo ayikhange iphumele kwiNtluzo kaThixo. Hayi, mhlekazi.

79 Ngoku, ukuba kukho intluzo yemfundo yezakwalizwi yomntu ocingayo wemfundo yezakwalizwi, kuze kubekho intluzo yebandla yomntu ocingayo webandla, intluzo yomdiza yomntu ocingayo wo-mdiza, kumelwe kubekho intluzo eyinene ndaweni ithile yomntu wenene ocingayo. Kwaye uThixo unayo iNtluzo, yaye yona liLizwi laKhe. Lingumahluli, ngokuba lingamanzi okwahlula wesono. Ngoku, nantso indoda ecingayo okanye incasa yendoda engcwele.

80 Kwaye ukuba indoda ithe yaphumela kolu didi lwentluzo yehlabathi, i—inencasa eyeyehlabathi. Kanye njengenkampani yecuba, ibanamalungu amaninzi kwibandla layo ngokuwatyhala aphumele kule ntluzo. Ukuba athi, “Ngabafazi abaninzi abahamba inkonzo kunamadoda.” Isenokuba njalo loo nto. Ngoku, isenokuba yinyaniso kananjalo loo nto, xa yena enokuya aze enze nantoni na afuna ukuyenza. Injalo loo nto. Uyakwenza, uyakujoyinana nayo nantoni na, kodwa uphumele kula ntluzo yebandla. Ukuba ebephumele kwiNtluzo kaThixo, ebeyakuphuma engowahlukileyo kuyo. ’Yabona? Ebengenakuphumela kwiNtluzo kaThixo aze aphumele eneenwele ezinqothuliweyo. Akanakubanako ukuyenza nje loo nto.

81 Ngoku oku kuzakuba—kubakrakra kancinane mhlawumbi kumntu othile. Kodwa xa ebeqalisile ukuphumela kwiNtluzo kaThixo, kwaye iyatsho phaya kubo ukuba bangazichebi iinwele zabo, ngoko (yintoni?) ungohlala kwelinye icala. Ukuba Ibitshilo ukuba kusisono kumfazi ukwenza okunjalo, kwaye ungongahloniphekanga ukuba wenza okunjalo.

“Ukuba uyafuna,” utsho, “ke, umelwe kukuzicheba iinwele zakhe.”

Ithe, ngoko, “Makazichebe zonke ngoko.” Yaze yathi, “Siyazi ukuba kulihlazo kumfazi ukuba ichetywe intloko yakhe.” Yathi, “Ngoko mayigqutyuthelwe intloko yakhe.” Kwaye iinwele zakhe zisisigqubuthelo sakhe; hayi umnqwazi, nenekazi. Ziinwele zakhe isigqubuthelo, iBhayibhle yatsho. Kunjalo. Oko kubonisa ukuba ungumahlulwa weNkosi. Iinwele ezinde, emfazini, zithetha ukuba nguMahlulwa weNkosi. Ngoku, sifumanisa ukuba oko kuyinyaniso.

82 Kodwa sifumanisa ukuba indoda ecingayo, ebizwa ngolo hlobo kwihlabathi ingatshaya ize nangoko iyifumane incasa yayo, ibimelwe kukuba nengqondo eyaneleyo yokwazi ukuba ifumana itela kwelo cuba. Kodwa kuphela, into eliyenzayo, kukumthengisela elinye, limenza athenge eminye imidiza.

83 Kwaye intluzo yebandla ifumana amalungu nezinto ezinjalo xa ithe yawavumela ukuba aphumele ngaphandle kwayo nantoni na abe nangoko engawenkonzo, bafumana amalungu awongezelelekileyo. Bekunokuthini ukuba besinokuya emabandleni ngokuhlwanje sihluze wonke umntu aphume ngaphandle kwabo bangaMakristu azelwe ngeLizwi wenene. Ngezininzi iintshumayelo ezize ezinyuke ngodonga ngokuhlwanje, yinyaniso leyo, kuba ziphume ngaphaya kwiNtluzo.

84 Kwaye ukuba bendinomnqweno omnye entliziyweni yam, kwaye ndiyathemba ukuba wonke umntu ondiphulaphuleyo ukwanaloo nto, “Thixo, ndikhuphe ngaphaya kweNtluzo yaKho.” Njengokuba uDavide wathi, “Ndilinge, undivavanye, ubone ukuba kukho bubi buthile na kum, ubukhuphe, Nkosi.” ’Yabona? Ndifuna iNtluzo kaThixo. Andikhathali nokuba ihlabathi lenza ntoni na, nokuba inkonzo inantoni na; ndifuna ukuba yindoda ecingayo, ukucinga ukuba nguBani na endiyakuma ngakuye kolunye lwezi ntsuku, ngoMgwebo.

85 Qaphela, inkampani yecuba oko ikwenzela ukuthengisa imidiza engaphezulu; ibandla oko likwenzela ukufumana amalungu angamanye. Umfazi oneenwele ezimfutshane, enxibe iibhulukhwe ezimfutshane, angabambeka kwiNtluzo kaThixo. Akanakuphumela ngaphaya kuYo, eneenwele ezimfutshane, ngokuba iBhayibhile ithe akamelwe kukuyenza loo nto. Uyayihlaza intloko yakhe xa esenza oko. Simelwe kukuyazi loo nto. Kodwa uphumela nje ngaphaya kwibandla ngokulungileyo, bebonke. Ndiyema ngamanye amaxesha . . .

86 Kungekho ngokungahloniphi nabani na; andize ndithethe ndibhekise mntwini malunga naye nawuphi na umntu, kodwa kusisono kwibandla. Niyandingqinela ngaloo nto. Andikhange ndithi, “UNkoszn. *Zibani-bani unje-nanje*, okanye uMnu. *Zibani-bani*, okanye uMfu. *Zibani-bani unje-nanje*.” Hayi, mhlekazi. Ndithi isono sisono. Ukuba sikusapho lwam, si kum, kukuye nabani na okukuye, kusesisono. Hayi ngenxa yokuba isesosiqu, andithethi ngokuchasene neziqu ezithile. Ndithetha ngokuchasene nesono. Andikhathali nokuba ndim okanye nabani na enguye, xa uqalisa ukuphumela kwiNtluzo kaThixo, nasiphi na isono siyakukumisa kanye kuloo ndawo.

87 Qaphela. Kodwa umfazi ufuna ukuba neenwele ezimfutshane anxibe iibhulukhwe ezimfutshane, okanye afake isiqabo nantoni na eyenye, aye kuphumela kanye ngaphaya

kwintluzo yakwaMoya ngokulula kangako, akukho nto malunga noko, aye kungena kanye ekufeni. Kuba, yena u . . . Yena uthi, "Kulungile, akukho ngozi kuloo nto."

"Ukuba uthanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, kungokuba uthando lukaThixo alubakho nokubakho kuwe."

88 Kuyehla kuye kuphumela emoyeni, angatsala kuhle kuye kungena kumphefumlo wakhe, izinto ezingezozikaThixo nezichasene neLizwi likaThixo, ukuba yileyo incasa esemphefumlweni. Inokuphumela kuloo ncasa; *Ukubona, ukungcamla* . . . Inokuphumela *ekucingeni*, ngokucinga izizathu, "Akukho ngozi kuloo nto. Ndinencasa. Ndinako ukuvakalelwa. Ndiyavakalelwa ukuba oku kulungile." Angaphuma aye kuma ezantsi kuleyo, kuyekungena kanye emphefumlweni wakhe, ukuba umphefumlo ungowolohlobo. Oko kubonisa ukuba akabizeli ngeNtluzo kaThixo.

Kodwa ukuba uneenwele ezinqothuliweyo, eqaba isiqabo sobuso, enezimfutshane, iibhulukhwe, ekhangeleka okwendoda, nazo zonke ezi bhulukhwe zabafazi nokuba yintoni na abazibiza ngokuba ziyiyo; ethetha izinto ezilolo hlobo, esenza ezo zinto, ephilela ihlabathi, uyakuma; Akanakuphumela apho. Hayi, mhlekazi. Oko kuyakummisa ekuqalekeni.

89 Qaphela, indoda ekhangela kwimilebe yakhe ebomvu emihle nobuso obuqatyiweyo, nezimfutshane ne—nezinxibo zangaphantsi, nokuba yintoni na ayinxibileyo; indoda ecingayo ngenene ayisayi kumjonga. Ngoko, indoda elilungu lebandla iyakumjonga, imbuke. Kodwa andikhathali nokuba ukhangeleka kanjani na emehlweni, indoda ecingayo iyakujika intloko yayo. Kuba? Iphumele ngaphaya kwiNtluzo kaThixo, kwaye iyazi ukuba ukukhangela kuye kukukrexeza entliziyweni yayo. Ayicingi ukuba mhle.

Ithi, "Ingaba asiyonto intle ke!"

Hayi kuyo akanjalo. Ungokhangeleka engcolile, u-Izebhele oludwayinge, kwindoda ecingayo. Unyana kaThixo umjonga enosizi kwa yinto yokuba engowosapho angowalo. Injalo loo nto. "Angathini ukuba ngudade wethu lo enze ngolo hlobo?"

90 'Yabona, uphumele ngaphaya kwintluzo ethile, waza waphumela kwenye. Ayisayi kucinga ukuba mhle, konke, obo ayibobuhle kwindoda yenene kaThixo.

91 Khumbula, ngaxesha lithile phambi kweGazi likaYesu Kristu ukubalibe yi-Ntluzo, njengokuba sizakufika kuyo emizuzwini embalwa, "Oonyana bakaThixo bakhangela iintombi zabantu, ukuba zazintle, baze bazithathela abafazi." UThixo akazange ayixolele loo nto. Kwaye kwakhona yenzeka, ekumatsheni kukaSirayeli, waze uThixo akabaxolela, kwaye ngamnye kubo watshabalala.

INtluzo yendoda ecingayo!

Ndaphuma ndeza apha enkonzweni; kwakukho uRicky omncinane emi phaya emva kwenkonzo ngobunye ubusuku, wathi, malunga nesithathu okanye nesine seminyaka eyadlulayo, wathi, "Isizathu sokuba uthethe loo nto, kungokuba ulixhego." Wathi, "Mna ndicinga ukuba bakhangeleka bebahle."

Ndathi, "Ndingayiqonda loo nto." Ngokujonga nje ukukhangeleka kwakhe, ungabona indlela awayekhangeleka ngayo. Ndathi, "Mandikuxelele into. Umdala kangakanani?"

"Malunga namashumi amathathu eminyaka ubudala."

92 Ndathi, "Xa ndandineshumi elinesihlanu leminyaka ukuba mtsha kunawe, ndandisacinga ngale nto inye." Kunjalo. Kwaye isekukungcola!

93 INtluzo yendoda ecingayo! Ngoku qaphela, ukuba ithe yaphumela, ingqondo yayo yahluzeka ngeLizwi likaThixo, iNtluzo kaThixo, ayisayi kumkhangela. Ayisayi kucinga ukuba mhle; iyakucinga ukuba ungu-Izebhele. Iyakucinga, ngaphaya kwalo milebe ibomvu kukho amabamba etyhefu ayakuyihlaba. Kwaye iBhayibhile ithe, "Amasango akhe asa kwalabafileyo; kwaye indoda ingena kuye njengenkabi yenkomo isiya ekuxhelweni kwayo." Nantso iNtluzo yendoda ecingayo.

94 Unqwenela ntoni? Xa umfazi esihla ngesitrato enxibe ngolo hlobo, uze wena ndoda ujike intloko yakho, ubheke ujonge ngolo hlobo, awusebenzisi iNtluzo yendoda ecingayo. Ngokuba, xa usenza loo nto, uyakrexeza, kuba iNtluzo ithe, "Umntu okhangela umfazi ukuze amkhanuke usele ekrexeze naye kade." Jika intloko yakho, ndoda ecingayo. Mka kuye. Akamhlanga. Uyinyoka; injalo loo nto, uzibhija njengayo, wenza njengayo, uhlaba njengayo. Mka kuye.

95 Owu, ewe, iLizwi likaThixo liyiNtluzo yendoda ecingayo. Nabani na uyayazi loo nto. Yiloo nto umphefumlo wakho ohluzwa ngayo, iLizwi likaThixo. Kwaye Lenza, ukuba xa uphumele kwekaThixo . . . Xa indoda ecingayo iphumela kwiNtluzo kaThixo, oko kuyinika incasa yendoda engcwele. Injalo loo nto. Xa uphumele kwiNtluzo kaThixo, ngoko incasa yakho yincasa yendoda engcwele. Yenza incasa yendoda elilungisa. Oko kuthetha ngokuqinisekileyo kulungile.

96 Ngoku sifumanisa indlela ekwakusenziwa ngayo oko ngomzekelo, kwaSirayeli, kusenzelwa ibandla likaSirayeli kuphela. Naso isizathu, sokuthetha oku ngoku, ukuba abalungiseleli abavumelani kuyo nantoni na ethethiweyo; le yeyebandla lam ethe iNkosi yandinika lona uku—ukuba ndishumayele kulo.

97 Qaphela kwi-Eksodus 19, ndifuna ukuba uyifunde wakufika ekhaya, xa unethuba elithe chatha. Qaphela, xa

uSirayeli wathi wenza isono, okokuqala babethabatha ithokazi elibomvu elalingazange libe nadyokhwe entanyeni yalo. Oko kuthetha ukuba alizange libotshwe nayo nantoni na.

98 Kwaye lalimele ukuba libe bomvu. Umbala obomvu ngu—ngumbala womnqophiso. Uyazi, inzululwazi iyazi ukuba xa uthatha okubomvu ukhangele ngaphaya kobubomvu, kokubomvu, kumhlophe. Khangela ngaphaya kokubomvu, okubomuu kumhlophe. Ukhangela ngaphaya kweGazi elibomvu leNkosi uYesu, zize izono zethu ezibomvu zibe mhlophe ngokwekhephu; okubomvu kukhangelwe ngokubomvu.

Kwaye ithokazi lalibulawa ngexa langokuhlwa, libandla liphela likaSirayeli.

Kwaye kwakubekwa imigca emihlanu yegazi lalo phezu komnyango apho ibandla liphela kwakufuneka lingene khona; umzekeliso weZigaba eziSixhenxe zeBandla, ngeGazi.

99 Ukuze umzimba walo uthatyathwe utshiswe. Wawutshiswa nempuphu, nesikhumba, namathumbu, nobulongwe. Yonke into yayitshiswa, kunye.

Kwaye kwakufuneka linyulwe yindoda ecocekileyo, lize libekwe kwindawo ecocekileyo ngaphandle kwebandla. Ngoko ke, ukuba uSirayeli wayenokuwubona nje umzekeliso lowo! ILizwi likaThixo alimelwe kukuphathwa ngezandla ezingcolileyo zokungakholwa. Kumele ukuba ibe yindoda ecocekileyo. Kwaye ukuba icocekile, yayimelwe kukuphumela kwiNtluzo kaThixo.

Kwaye indoda ecocekileyo, izandla ezicocekileyo, kwaye lalifanele kukugcinwa kwindawo ecocekileyo; hayi kwindawo apho oo-Izebhele, nooRicky, nayo yonke into ithabatha inxaxheba khona; ize ithabathe umthendeleko nezinto ezinjalo, xa bejikeleza esithubeni namakhosikazi, nabayeni, nazo zonke iintlobo zokungcola; besiya kwiipati zemidaniso, benenwele ezinqothuliweyo, neebhulukhwe ezimfutshane, nayo yonke enye into, bezibiza ngokuba bangaMakristu. Limelwe kukugcinwa kwindawo ecocekileyo, liphathwe ngezandla ezicocekileyo.

100 Kwaze ngoko xa uSirayeli wonayo, waze waqonda ukuba wenze okuphosakeleyo, ngoko babetshizwa ngothuthu lweli thokazi, phezu kwabo. Lawo ke yayingamanzi okwahlula, oku kuhlanjululwa ngenxa yesono.

101 Qaphela. Yiyo le! Naxa uSirayeli, phambi kokuba abe nokungena ebudlelaneni bokunqula, babefanele kukuthi kuqala badlule kumanzi okwahlula. “Ukungcwaliswa ngokholo; uze ngokuva, ukuva iLizwi.”

Baze ke bangene ebandleni phantsi kwaloo migca isixhenxe, igazi, ukubonisa ukuba kukho into ethile efileyo

yaze yahamba phambi kwabo, ngenxa yezono zabo. Babesahlulwa ngokuva iLizwi, amanzi okwahlula, baze bangene ebudlelaneni.

102 Kuphela kwendawo awathi uThixo wahlangana nomntu kuyo kwakungaphaya kolo lungiselelo. Wayengenakuhlangana naye nakweyiphi na enye indawo. Wayemelwe kukungena ngaphaya kolo lungiselelo. UThixo wahlangana noSirayeli kuphela kwindawo enye.

Kwaye uThixo uhlangana nawe kuphela namhlanje kwindawo enye, kwaye apho kukuYesu Kristu; ke Yena uliLizwi, amanzi okwahlula. Kwaye iGazi laKhe laphalazelwa zonke iZigaba eziSixhenxe zeBandla. Ke ngoko, ngoMoya oyiNgcwele, singena kobo budlelane, bona bunikezelwe kwiBandla kuphela. Owu, mkhulu kanganani Yena!

103 Kananjalo, ngoku, sifuna ukukhangela kuma-Efese 5:26, ithe, "Kukuhlanjwa ngamanzi ngeLizwi," amanzi okwahlula. Enza ntoni Wona ke? Ngoko, iNtluzo kaThixo liLizwi. Amanzi okwahlula, "ukuhlanjwa ngamanzi, ukwahlula, ngeLizwi," iNtluzo kaThixo.

104 Ngoko, awunako ukungena kuKristu ngentluzo yebandla. Awunako ukuza ngentluzo yehlelo okanye intluzo yomgaqo. Inye kuphela iNtluzo, onokungena ngayo kulaa ndawo ingcwele, leyo kungokuphumela "ngokuhlanjwa ngamanzi ngeLizwi." ILizwi likaThixo liyiNtluzo yendoda ecingayo.

105 Ibandla liyakukugweba apha ngokuba ulilungu elilungileyo na, okanye hayi. Liyakukunika umngcwabo olungileyo, nokuphakanyiselwa esithubeni kweflegi ekufeni kwakho, lithumele iinkatha zeentyatyambo ezinkulu li—likwenzele yonke into. Kodwa xa kufika ekubeni umphefumlo wakho ujongane noThixo, umelwe kukuba noBomi obunguNaphakade. Kwaye ukuba uBomi obunguNaphakade, yinxalenye yeLizwi. Kwaye njengokuba elam ilizwi lingenakuphika . . .

Isandla esesam asinako ukukhanyela isandla sam. Iliso elilelam alinako ukukhanyela isandla sam, okanye unyawo lwam, okanye uzwane lwam, okanye naliphi na ilungu lam. Azinakuba nakulikhanyela.

Kwaye kungekho ndoda iyinxalenye yeLizwi likaThixo, okanye umfazi, onokukhanyela indawo enye yeLizwi likaThixo. Ngoko, bafazi, xa nicinga ukuba ninokuphungula iinwele nize ningene kuBukho bukaThixo, niphosisile. Niyayibona? Niyiphosile; aninako ukuphumela kwiNtluzo kaThixo apho nihlanjwe khona ngamanzi weLizwi. Ngoko niyangena ebudlelaneni. Nicinga ukuba ninako, kodwa aninako nide nibe nize naphumela kwiLizwi, ukuze lonke ichaphaza elincinane, lonke iLizwi elincinane likaThixo.

“Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko ngalo lonke iLizwi.” Kumele ukuba kuphunyelwe koko kuhluza, kuphunyulwe ngaphaya. Leyo ke yincasa yendoda elilungisa, kuba yiloo nto ekhangela yona, ikhangela into eyakuyicoca.

106 ILizwi, iLizwi likaThixo liyiNtluzo yendoda ecingayo, kwaye lenza incasa yendoda elilungisa. Siyazi ukuba yinyaniso leyo; lihluza sonke isono sokungakholwa siphume. Akusekho kungakholwa xa uphumele kwiNtluzo, ngokuba leyo yincasa yekholwa lenyaniso.

107 Ikholwa lenyaniso lifuna ukulunga, nokuba kutheni na. Alifuni kuthi nje, “Ke, ndingowodidi lwasekuhlaleni. Ndingowebandla, eyona nkonzo inkulu edolophini.” Andikhathali nokuba yindlu yomfundisi esekujikeleni na, ukuba libhodlo lengca, kwindawo ethile, indoda ecingayo iyazi ukuba imelwe kukuhlangana noThixo. Kwaye ngaphandle kokuba lithini na ibandla, okanye nabani na ongomnye uthini na, imelwe kukuza ngemimiselo kaThixo. Kwaye imimiselo kaThixo liLizwi likaThixo.

“Kulungile,” bathi, “‘LiLizwi likaThixo.’”

Ngokuqinisekileyo, bonke bayakholwa ukuba IliLizwi likaThixo, kodwa niyahluza ngaYo? Ningathini ukuyeka abafazi abaphungula iinwele baphumela Apho? Niyakuyenza njani loo nto? Niyakuthini ukuvumela indoda iphumele apho engayikubambelela kule Mfundiso? ’Yabona?

Asiyoncasa yendoda ecingayo. Hayi. Indoda ecingayo iyakucinga, indoda ecingayo iyakucinga kabini ngaphambi kokuba itsibele kwinto elolo hlobo.

108 Qaphela, ukuba iLizwi alinakuZikhanyela. Ngoko liyanelisa, kungenjalo lingumnqweno. Lingumnqweno wantoni? Yintoni eyenze ukuba uLinqwele, kwindawo yokuqala? Kungokuba emazantsi emphefumlweni wakho kwakukho imbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili eyayibuBomi obunguNaphakade, eyahlala ilele apho, yahlala ingaphakathi apho. “Bonke aNdinike uBawo bayakuza kuM. Akukho namnye uyakulahleka kubo.”

109 Incasa yendoda ecingayo, xa indoda ecingayo isiva iLizwi likaThixo, “Ezam izimvu ziyaliva iLizwi laM, owasemzini azinakumlandela,” kuba ezantsi ngaphakathi apho kukho uBomi, baye uBomi buhlangana noBomi.

Isono sihlangana nesono, kwaye isono sinobuhanahanisi kangangokuba side sicinge ukuba sisindisiwe ngeli thuba singasindiswanga sikobo bunzulu kanye bobuhanahanisi.

110 Amalungu ebandla afuna intluzo yehlelo ukuze abe nokufumana iminqweno eyeyawo aze abe esabizwa ngokuba ngabantu “abakholiweyo”. Ubeva besithi, “Owu, ungokholwayo kakhulu.”

111 E-Afrika, kwakulapho ngaphandle ngenye imini, kwaye babethetha ngawo la, abanye babantwana babethetha ngala maculo e-Rock 'n Roll u-Elvis Presley nabanye bawaculayo, uPat Boone nabangabanye, uRicky Nelson nabo bonke abanye abo. Ndathi, "Baliqela leendlavini."

Intombazana encinane ethile yathi, "Kuba, ungokholwayo kakhulu."

112 Ndathi, "Wayenjalo noYuda." Ndathi, "UYuda wafumana kuphela amashumi amathathu esilivere; u-Elvis Presley ufumene iqela leezigidi zeedola." 'Yabona? "Bobabini bathengise ngobuzibulo babo." 'Yabona? Ndathi, "Ba-. . . lelona tyala libi isizwe esinalo." Nangoko, baqhatha nje ngentluzo yomdiza, la mahlelo avumela loo malungu ukuba angene. Abafanelanga nokuba babe. . . Kumele ukuba kukho umthetho wokuba bangabi nakucula amaculo enkolo. Oko kuchasene. . . kumele ukuba kube kuchasene nomthetho ukuba benze loo nto.

Kodwa iyonke loo nto ithe yaba yimfumba enkulu ephakamileyo yobuhanahanisi, kwaye nako apho sihleli khona namhlanje. INtluzo yenyaniso yomphefumlo, ithi, "Ukuba uthanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho nokubakho kuwe."

113 'Yabona, awunako—awunako ukuthi i-Rock 'n Roll iyeyehlabathi. . . okanye yekaThixo na. IRock 'n Roll yeyehlabathi. Nawuphi na kuloo midaniso nehluziweyo. . . izinto ezimbi ezingcolileyo, gxebe, zizezehlabathi. Iyonke loo nto yeyehlabathi.

Awunakutsho ukuthi la mfazi uphungule iinwele ngowakwaThixo. IBhayibhile ithi akanguye, ngoko oko kukungcola kwehlabathi. Kwaye ukuba uthanda ichaphaza elinye lehlabathi, uthando lukaThixo alukho nokubakho kuwe. 'Yabona?

114 Yintoni leyo? Ke, yintoni elitsalayo? Yinto ethile ezantsi ngaphakathi etsalayo. Umphefumlo utsala oko ukufunayo ngengaphandle, kuhle kuphumele kumoya, kungene emphefumlweni. Kwaye ukuba umphefumlo uthanda ihlabathi, ufile. Andikhathali nokuba uthanjiswe njani na, ngphandle *apha,* nokuba ulilungisa kangakanani na *apha* ngaphandle; ezantsi *apha* ufile. "Kuba lowo uthanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho nokubakho kuye," akunamsebenzi nokuba ungowenkolo kangakanani na.

115 INtluzo yenyaniso, ngolo hlobo, i—ibeka zonke ezo zinto ngaphandle ize ingangenisi nto koko ibe bubunyaniso bukaThixo, iLizwi, bungene kumphefumlo oyinene wenyaniso.

116 Bafana no-Esawu, ngaphandle balungile. U-Esawu wayengowenkolo ngaphandle. Kwathi kwakufika kunqulo,

kwakhangeleka ngathi ungowenkolo ngaphezu kokuba wayenjalo uYakobi. Wakhangeleka eyindoda engcono kunokuba wayenjalo uYakobi, kodwa ingaphakathi lakhe, yiloo nto awayeyiyo. Ngaphandle wayengokholwayo, kodwa ukucinga kwakhe kwakungahluzwanga. Wayengazange acinge ngendlela eyiyo ngobuzibulo. Wa—wayengazange acinge ukuba uThixo, ubuzibulo babuthetha kangangokuba uThixo wathi buyathetha. Nguye lowo, wathi, "Ndilambile, kwenza wuphi umahluko ngobuzibulo obudala, ungabuthatha ukuba uyabufuna." Owu, bethu! 'Yabona?

"Ndiyaya enkonzweni; ndilunge kanye njengokuba nawe ulungile. Ihlelo lam lifana nje. . . Kuba, lilelinye lawona mahlelo makhulu ehlabathini. Umama wayengowalo. Utata wayengowalo. Konke *oku*, *okuya, nokunye*. Umlungiseleli wam ufundile; *unokuthile-thile*." Oko kumenza abe kude kangakaya kuThixo. Oko asiyontluzo yendoda ecingayo.

Ukuba ibiyiyo, wayenokuthini uPetros ukuba abe yiloo nto wayeyiyo, xa wayengakwazi ukusayina nkqu igama lakhe? Kodwa wathabatha iNtluzo yendoda ecingayo. Qaphela. Owu, bethu!

117 U-Esawu wacinga ukuba obo buzibulo babungathethi loo nto uThixo wathi buyayithetha. Yayiyiloo nto umahluko phakathi koBomi nokufa. Ke ngoko, njengo-Eva nanjengoYuda, ukuba bathengisa ngobuzibulo babo khon'ukuze banelise incasa yolwazi lwempucuko. Yiloo nto kanye awathi u-Eva wathengisa ubuzibulo bakhe ngayo. Wabuthengisa ngenxa yencasa encinane yenzululwazi, incasa encinane yolwazi lwehlabathi, ibandla elingconwana, udidi olungconwana lwabantu, namhlanje kungabizwa ngolo hlobo. 'Yabona?

Kwaye uYuda wathengisa ngobuzibulo bakhe ngenxa yamashumi amathathu esilivere, nokwenza iidollar ezimbalwa ezithe chatha. "Ibandla lam lingandihlawula ngcono ngapha, kwaye ndiyakushumayela ngapha." 'Yabona? "Ngoko, ukuba ndibe ngumshumayeli, kulungile. . . "

118 Bathi, "Mzalwana Branham, siyakholwa ukuba uMyalezo uyiNyaniso, kodwa asinakuWamnkela. Ukuba senze njalo, kuba, singawushumayela phi?" Hee! Ihlabathi, mzalwana, lilo ingingqi yokushumayela. Ngokuqinisekileyo. "Ke, akukho namnye kubazalwana onokundixhasa." A—andikhangelanga ukuba kubekho nomnye kubazalwana oyakundixhasa. Ndikhangele kuYesu Kristu ukuba andixhase, ngokuba Wema ngakuLo. NguYe OwaLithethayo.

119 Ukuze xa ubuzibulo obuyinyaniso, iGazi, lithe lahluza ngeLizwi; ukuze sonke isono, nehlabathi, nenkonzo, namahlelo, nokuzikhetha uzenze umbutho, ushiywe ngaphandle. Imfundo, impucuko, ibandla, imvaba, inkqubo,

isono sazo zonke iintlobo sishiywe ngaphandle xa indoda ecingayo ithabatha iNtluzo yendoda ecingayo, ngokuthelekelela kukaThixo.

120 Akukho nto ishiyekileyo kuyo xa indoda itsala ku—kuphume ubomi bayo kwiNtluzo kaThixo; qaphela, apha ubomi bakho babonakaliswe sisono, ngokuba wa—wazalelwa esonweni, wabunjelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini uxoka."

Ndizakuthetha into, njengokuba uMzalwana uMCullogh wayedla ngokutsho. Ndiphulaphuleni.

121 Xa ufika kweli hlabathi, wazalelwa esonweni. Awuzange ube nalo nethuba lokulwa. Wa"zalelwa esonweni, wabunjelwa ebugwenxeni, weza ehlabathini uthetha ubuxoki," ngomoya wakho buqu, umnqweno wesono, umthandi wesono ngokuba wawuzalelwe esonweni. Wawungenathuba ke.

Kodwa ezantsi ngaphakathi kuwe, kwindawo ethile, nako kufika, kwakukho into ngaphakathi apho eyaqala ukutsala. Ukuba wawusazi, yayiyinto eyakuxelela ukuba kwakukho uThixo kwindawo ethile; waze wafunda iLizwi laKhe. Ngoko wathabatha ibandla, wathabatha imbono zabo xa wawuxelelwa okungcono, ngoko awuzange usebenzise iNtluzo yendoda ecingayo. Kodwa xa usebenzisa iNtluzo kaThixo, eyiNtluzo yendoda ecingayo, ngokuba, "Zonke ezinye iintluzo ziyakudlula, kodwa eyaM ayisayi kudlula." Kwaye xa uthabatha iNtluzo kaThixo uze utsale ubomi bakho, iminqweno yakho; ukuba utsala iminqweno yakho iphumele kwiNtluzo kaThixo, iNtluzo yendoda ecingayo, akukho nto ishiyekileyo koko nguMoya oyiNgcwele.

122 Ngoku, ukuba ufuna ubungqina bukaMoya oyiNgcwele, bubo obo. Xa loo mphefumlo wakho uyakungqamana neLizwi likaThixo, kuyo yonke indlela, oko kubonisa ukuba ubomi bakho ubutsale baphumela kwiNtluzo yendoda ecingayo, iNtluzo kaThixo.

123 Qaphela, ingaba yiNtluzo kaThixo leyo? Wathi, "Sahlanjwa ngamanzi ngeLizwi."

Kwaye xa uThixo wanika u-Adama no-Eva iNtluzo, emyezweni wase-Eden, Wathi, "Musani ukutsala nanto *yoku* ingene apho." Kodwa uSathana wagqobhoza umngxuma kuYo, wathi, "Owu, yintwana encinane, ayisayi kwenzakalisa." Lichaphaza nje elinye, eliphumelayo, yiloo nto eyathabatha ukungenisa ukufa kuhlanga loluntu.

124 Yiloo nto kuphela ekuthabatha yona, incasa nje enye yentshongo, ngoko kuphelile ngabo.

125 Akukho nto ishiyekileyo koko nguMoya oyiNgcwele.

126 Ukuze ngoko oko kubonise ukuba kuwe kwakukho imbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili ezantsi ngaphakathi kuwe, yileyo ikwenza ulambele uThixo. "Bonke aNdinike bona

uBawo, aNdinike bona ukuze ndibahlangule; bafa kunye naM eKalvari; bavuka kunye naM eluvukweni; bonke aNdinike bona, bayakuza kuM. Bayakubekwa ngeendawo eMzimbeni, apho unyawo, ingalo, impumlo, umlomo, nokuba yintoni na; bayakubekwa Apho. Kwaye bayakuza kuM ekucingeni kwabo." Owu, bethu!

127 Nako oko kuhluza kuyinene kwaso sonke isono sehlabathi, nothando lwehlabathi lufile, kube lo mphefumlo utsala kuphela into enye. Yiyo le, musa . . . Khumbula! Musa ukuyilibala. Nonke nina nilapho ngaphandle kwiimfonomfono, oku kufakeni ezantsi ezingqondweni zenu. Xa indoda ecingayo iqala ukucinga ukuba nguBani na oyakuma phambi kwakhe, nokuba liyintoni na iLizwi likaThixo; xa iqala ukucinga, ngoko iyakutsala kuphumele kuloo Nto, akukho nto iyenye inokuyifumana koko nguMoya oyiNgcwele.

Yintoni na? Yintsobi, imbewu yeLizwi esuka ekuqalekeni, owawuyiyo kuThixo ekuqalekeni, imi apha itsala imbewu yoBomi. IMbewu ingaphakathi entliziyweni yakho, ngomiselo lwakangaphambili. Haleluya! Imbewu sele ingaphakathi apho, ngolwazi lwangaphambili lukaThixo, imiselwe ngenxa engaphambili. Kwaye xa itsala, ayinakutsala kuphumele kwenye into ngaphandle kweLizwi.

Kwaye ngoko yincasa yendoda ecingayo, indoda elilungisa, indoda engcwele eyibonayo iBhayibhile, ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo nangonaphakade. Yintoni engena ngaphakathi kuloo ndawo apho emazantsi? Elaa Lizwi, lisentliziyweni. "Ndilifihle entliziyweni yam iLizwi laKho, ukuze ndingoni kuWe."

Liyintoni, xa litsala kuphumele kwiLizwi? Inye kuphela into eyakudlula iphumele kwiLizwi; nguMoya oyiNgcwele lowo. Yiloo nto kuphela enokuphumela phaya kwiLizwi, inguMoya oyiNgcwele. Kwaye iNtluzo yendoda ecingayo ikhupha incasa yendoda engcwele.

128 Ngoko, ingcamle kwizinto zaseZulwini; ineLizwi likaThixo entliziyweni yayo. IyaLibona libonakalaliswe phambi kwayo, kwaye umphefumlo wayo uphela ugutyungelwe kuLo, kwaye ihlabathi nazo zonke izinto ezimjikelezileyo zifile.

129 INtluzo yeNdoda ecingayo, yonqulo; kwaye ndicinga ngokuhluza unqulo ngoku. Xa iNtluzo yendoda ecingayo ikhupha incasa yendoda engcwele, 'yabona, Iyanelisa incasa yayo. Iyabona ukuba uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Yiyo leyo. IMbona ephambi kwethu kanye, esenza kwa ezo zinto Wazenzayo; iyayanelisa incasa yendoda engcwele, ukucinga kwayo.

130 Iyazi ukuba idlule ekufeni yangena eBomini. Kwaye iyathanda, kwaye—kwaye—kwaye ithanda ukuba ihlabathi . . . ukuba ingqinwe, kwaye ifuna ukuba iLizwi lingqinwe

lingqinelwe. Kwisigaba ngasinye iliLindele, kuba iyindoda engcwele kwaye inomnqweno wokubona uThixo. Abanye bafuna nje ukujoyina icawe. Le ndoda ifuna ukubona uThixo. Ayifuni kumbona kwiqela lemigaqo. Ayifuni kumbona kwi-organ ezintle ezinemibhobho, okanye iholo, neminqamlezo emikhulu, nezifundiswa ezigudisiweyo ezinekhola ezigqwethiweyo. AyiMboni kwimfundo yezakwalizwi nakwizifundiswa zezakwalizwi. IMbona ekungqinelweni kweLizwi laKhe.

> NdiMbona kwimililo yalo yokulinda.
> Amehlo am abone ubuqaqawuli bokuza kweNko-su;
> Ixovula kwesidala apho idiliya yengqumbo igcinwe khona;
> Ikhulule umbane othe ngqo ngeKrelelayo eloyikekayo litshawuza;
> INyaniso yayo iqhubela phambili. (Iyakuhlala isenza njalo, kude kube sekupheleni. Ewe mhlekazi.)

131 'Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? INtluzo, indoda . . . Okanye, iNtluzo yendoda ecingayo; indoda efuna ukuma kuBukho bukaThixo. Yayiyintoni iNtluzo kaThixo? LiLizwi laKhe. "Mhla nithe nadla kuwo, ngaloo mini niyakufa." Akukhathaliseki ukuba kwenzeka ntoni na apha phandle; musa ukudlula kwela Lizwi. "Uhlanjwe ngamanzi weLizwi," iNtluzo yendoda ecingayo. Hayi ihlelo, hayi umgaqo, hayi ibandla, hayi iholo; kodwa iNtluzo yendoda ecingayo, kuba uyakugwetywa ngeLizwi. Indoda ecingayo iyakuyicinga loo nto. Indoda esisidenge, okanye incasa yehlabathi, iyakuthabatha nje nantoni na, eme endaweni yoko. Uyakuthini uyakuthabatha into emeleyo ngeli thuba ikhoyo Eyinene?

132 Cinga, cinga nje ngaloo nto okomzuzu. Umfazi ethetha ngeelwimi, eneenwele eziphungulweyo nesiqabi semilebe, lize ibandla libe lisabambelele kuloo nto, ukuba loo nto ibubungqina bukaMoya oyiNgcwele.

133 Okanye umshumayeli ovela kwiziko lemfundo okanye isikolo esithile seBhayibhile, esebenzisa ubhaptizo lobutriniti, okanye esenzelelela ngeLizwi, kumgaqo okanye ihlelo. Ingaba yiNtluzo yendoda ecingayo leyo? Hayi ngendlela endiyibona ngayo, mzalwana. Yindoda esisidenge etsala ngaloo nto. Injalo loo nto. Ungayicinga loo nto? Endaweni yokusebenzisa iLizwi likaThixo njengeNtluzo yomphefumlo wayo; ivumela loo mgaqo mdala nehlelo ukuba lifumbe apho ngaphakathi phezu kwayo ngolo hlobo, endaweni yokuthabatha iLizwi likaThixo njengeNtluzo. Ukuze ke ibe ingcoliseke yonke, ize ibavumele ukuba bangene bayihlohle iimfundiso zabantu, ukwenza izinto, "ngokusondele ekulahlekiseni nabaNyuliweyo," nokutshikilelwa kweLizwi.

Xa, ibinokutsalela kumphefumlo wayo, ukuba kukho nantoni na apho enokutsala ngayo. Kodwa ukuba ndikuloo mbewu yamiselwa ngenxa engaphambili . . . musa ukukuphosa oku. Ukuba loo mbewu yamiselwa ngenxa engaphambili ayikho apho ngaphakathi, ayisayi kuze itsale kuphumele Apho, ngokuba iyakutsala ngokomnqweno wayo.

134 Ukuba indoda etshayayo ifuna incasa yokutshaya, kwaye ukuba ibifumene intonga . . . Ndithi, "Ncanca umnwe wakho," ize ime apho incanca umnwe wayo. [UMzalwana Branham uncanca umnwe wakhe, ukubonisa—Mhl.]

135 Kuba, iyakuthi, "Yimpambano leyo." Ngoba? Incasa yayo yeyentshongo. Ngoko, ayisiyondoda icingayo. 'Yabona? Kodwa uthi wena, "Ke, mna andenzi njalo, andiyikungcamla nantoni na. Ndifuna ukungcamla . . . Ndifuna ukungcamla icuba. Akukho nto ndiyingcamlayo."

136 Ndinike isiqhoboshi sokwaneka impahla ukuze ndincance sona. 'Yabona? Ngokuqinisekileyo, makancance loo nto. Uthi, "Akukho nto ndiyingcamlayo." Uyincancela ntoni ke, ngoko? Unomnqweno wokungcamla intshongo.

Ke xa incanca umgaqo webandla, nibe nangoko ninabafazi neenwele eziphunguliweyo, ubuso obuqatyiweyo, ninxibe ngokuvelisa umzimba; nibe nina madoda nijonga kuwo, nazo zonke ezinye ezi izinto, niqhubele phambili ngendlela enenza ngayo. Yintoni leyo? Yintoni elapho? Ihlabathi liselapho ngaphakathi, kwaye linencasa ethile. Litsalela kwincasa ethile.

137 "Ndiya *kweli* bandla; abayithiyi gama konke loo nto. Abananto bayithethayo ngale *nto*, akukho nto bayithethayo ngaloo *nto*. Akukho nanye kwezi zinto eveliswayo. Umshumayeli wethu unengqondo ephangaleleyo kunaloo nto. Asizithethi izinto ezinjalo." Yintoni na? Ninencasa yehlabathi enincancela yona. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kambalwa—Mhl.] Kunjalo!

138 Kodwa umfazi ocingayo akasayi kuyithabatha into elolo hlobo. Uyazi ukuba umelwe kukuba ngcwele. Kwaye inye kuphela into onokutsala ngayo iLizwi likaThixo. NguMoya, aMandla aphilisayo okwenza iLizwi ngokwaLo, elingaphakathi kuwe, ukuba liphile libonakalalise uYesu Kristu kwisigaba ophila kuso. Haleluya! Mzalwana, ukuba leyo asiyoNyaniso, andazi ukuba yintoni na iNyaniso. Ndilahlekwe yingqondo yam ukuba oko akuyiyo iNyaniso.

139 LiLizwi ngokwalo lisentliziyweni yakho, limiselwe ngenxa engaphambili apho, elitsalayo. Kwaye litshicela ngaphandle ihlabathi; alilifuni. Kodwa xa lithe laphumela ngapha eLizwini, liyaqala ukutsala. Kwaye xa litsala ngeLizwi, alinakuba yenye into koko nguMoya oyiNgcwele wokuphilisa elo Lizwi.

140 Ngoko iNtluzo, yendoda ekhonzayo ecingayo liLizwi, kwaye liyayanelisa laa ncasa ingcwele isentliziyweni yayo; iNtluzo yendoda ecingayo, incasa yendoda engcwele. Owu, bethu, singene entweni!

141 Endaweni yokusebenzisa iNtluzo kaThixo yomphefumlo wayo, ivumela uSathana ukuba ayiqhathe ngehlelo elithile okanye umgaqo, kanye ngokuchanekileyo njengeenkampani zecuba ukuba ziqhatha nina bantu nitshaya imidiza. Nifumana nje amalungu ongezelelekileyo, kube kuphelele apho.

Owu, mandivale kwimizuzu embalwa, ndithethe oku.

142 Lawodike eyimfama! Sinokuba zimfama kangakanani! Lawodike eyimfama, ikhokela imfama zesi sigaba, phantsi kokuzimilisa ngokungathi bubuxoki, phantsi kwemigaqo yobuxoki, phantsi kwemfundiso engeyonyani, phantsi kobuhlelo obububuxoki, phantsi kwencwadi zemigaqo zobuxoki. Owu, Lawodike eyimfama, ikhokela imfama, ninonke nibheka emhadini!

143 Tshintsha intluzo yakho ngokuhlwanje, mshumayeli. Musa ukutsala laa ntshongo yobuhlelo ingene kwinkqubo yakho, yeemfundiso nemigaqo, awathi uYesu "oyakuthi ongeze igama libe linye kuLo, okanye asuse iGama libe linye kuLo." Xa uxelela ibandla lakho ukuba kulungile ukuba abafazi benze loo *nto*, naloo madoda ukuba enze loo *nto*, nazo zonke ezi zinto, oku *nokuya*; okoko nje behleli benyanisekile *koku nokuya,* baze bagcine le migaqo nezinto ezinjalo, awunantloni ngesiqu sakho?

"MFarisi oyimfama," watsho uYesu.

144 Kwaye uYesu wakhwaza, "BaFarisi abazimfama," uMoya oyiNgcwele kwintliziyo yam ngokwayo ngokuhlwanje uyakhwaza, "Lawodike eyimfama! Kufuthi kangakanani uThixo ethanda ukuninika imvuselelo! Kodwa ngoku ixesha lenu lifikile; sekusemva kwexesha kakhulu ngoku. Nathini ukuze nihleke nihlekise ngabantu awathi uThixo wabathumela kuni! Kodwa ngoku ixesha lenu lifikile. Owu, Zizwe Zimanyeneyo, Zizwe Zimanyeneyo, indlela abethanda ngayo uThixo ukunifukamela njengo—njengokuba isikhukukazi sisenza kumantshontsho aso, naza anavuma." Ngoku eli Zwi liyakunxweme ukuya kunxweme, ukusuka emantla ukuya emazantsi, nokusuka empuma ukuya entshona. Indlela abethanda ngayo uThixo ukunifukamela, kodwa anavuma! Ngoku ixesha lenu lifikile.

145 Izizwe ziyaphuka. Ihlabathi lahlukana phakathi. Ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile esixa salo, isithathu-okanye amashumi amane eemayile ububanzi, ayakuzika, ikhulu. . . okanye mhlawumbi amashumi amane eemayile ukuhla ukuya kungena kulaa ndawo inkulu ichachambileyo phaya ngaphesheya, ngolunye lwezi ntsuku, kwaye amaza

ayakunyuka ayokufika kwisixeko seKentucky. Kwaye kwakwenzeka oko, kuyakulishukumisa ihlabathi kakhulu kangangokuba yonke into ephezu kwalo iyakushukuma iwe phantsi.

146 Owu, ndifihle kwiLiwa lamaphakade! Thixo, ndenze ndibe lapho, ndenze ndibelapho. Phefumlela phezu kwam, Nkosi. Moya kaThixo ophilileyo, ndiphefumlele. Mandithabathe iNtluzo kaThixo ndiphile phantsi kwaloo Nto, Nkosi. Mandiphefumle umoya omtsha kaMoya oyiNgcwele ungene kwimiphunga yam, ungene emphefumlweni wam suku ngalunye, ukuze ndingoni kuWe, owu Nkosi. Ndiphefumlele, Moya oyiNgcwele, ndiphefumlele! Na . . .

147 Mandityale iLizwi likaThixo entliziyweni yam, ndize ndizimisele apho ukuba ndingajikeli ngakwisandla sokunene okanye sokhohlo, ndimke kuLo, ngoko ndiyakuphila ngokunyaniseka kuLo yonke imihla yobomi bam. Kwaye, Owu Bawo Thixo, thumela kuhle uMoya oyiNgcwele woBomi phezu kwam, ukuze uphilise loo Mazwi kum, ukuze ndibe nokubonakalisa uYesu Kristu phambi kwabo baphambi kwam, bekhangele ukuba kwenzeke oko. Ngumthandazo wam lowo.

148 Owu, bethu! Qaphela indlela abenza ngayo namhlanje kuloo mabandla. Befunxa abantu baphumele kwezo ntluzo zobuhlelo, bangene umbutho wezenkolo. Kuba? Kuba? Kuba oko kubanika umnqweno wentliziyo yabo, umbutho. Banencasa yombutho. Bayakuyenza loo nto.

149 Lonke ixesha uThixo ethumela imvuselelo, kwaye, bona, benza ntoni? Benza umbutho. Ingaba kunjalo? Ngoko banolwabo uhlobo lwentluzo, ngokuba banencasa enkulu. Ke ngoku uThixo uzakubanika umnqweno wencasa yabo. Uzakubanika . . . babamfimfithela kanye kwibhunga leezenkolo, baze ke bafumane incasa yabo yombutho ngoko. Bayifumene iyeza.

150 Owu, bandla laseLawodike, musani ukulahlekiswa kwesi sigaba, ngokuqhatha kwabo. Owu, nkonzo yoMoya, wena uthe wayakungena eLawodike, wena uyinxalenye yeLawodike, ibandla elifileyo; ngobuWisile, ubuBhaptizi, nobuRhabe, imo nje eyeyesithethe. Kodwa nina bakwaMoya ebeninokuthi njalo ethubeni nithi “amen”; ninokutsala umculo omninzi phaya phezulu eqongeni, nibe ninabafazi abaphungule iinwele bexhentsa kuyo yonke indawo, nibe nangoko nikholelwa kwimpiliso eNgcwele; kufuthi kangakanani na uThixo efuna ukunithabatha, kodwa nithabathe enye intluzo, intluzo yobuhlelo. Kufuthi kangakanani na uThixo efuna ukunithabatha!

151 Yayiyinto elukuhla kanjani leyo! UMateyu 24:24, uYesu watsho ukuba i . . . Iyakulahlekisa nabaNyuliweyo ngokwabo ukuba bekunokwenzeka.” Nisondele kangakanani ke, kanye

njengo-Eva, nishiyelela enye okanye ezimbini izinto ezincinane eningenakuzamkela, ngokuba nizenze umbutho kwaye aninakuYamkela. Bobo kuphela ubunzima obukhoyo. Nisenokuthi niyithabathe yonke ke loo nto, "Kuba ukukhubeka kokuncinane, uba netyala ngako konke." Owu!

152 Nkonzo yoMoya Nkonzo yoMoya, dlulisani ukucinga kwenu kwiNtluzo kaThixo, hayi amaphupha wenu obuhlelo, kwaye niyakuphuma ninencasa yendoda engcwele, ubhaptizo lwenyaniso loMoya oyiNgcwele.

153 Ungayicinga into yokuba indoda iyeke inkosikazi yayo ichebe iinwele zayo, inxibe iibhulukhwe ezimfutshane, okanye inxibe iibhulukhwe zabafazi ezinde, ize ithi iphumele kwiNtluzo yendoda ecingayo? Ungayicinga into yokuba indoda ibe yenza into enjengaleyo?

154 Ungayicinga into yokuba umshumayeli omi epulpitini, ngokuba ebhatalwa ngokulungileyo libandla elimbambazela emqolo, limbize, "Gqirha, Mzalwana, Mfundisi," lize limkhuphele kuzo zonke iindidi zeepati apho bahlamba imizimba bexubene, nayo yonke enye into, emanxwemeni olwandle; ungacinga ukuba yindoda ebanga ukuba iphumela ngaphaya kwiNtluzo yendoda ecingayo?

155 Kwaye abanye babo bafazi baseplatfomini, beneelokhwe zabo zisentla kwamadolo abo, baze bazisike zibabambe zibonise konke ukumila, konke ukushukuma abakwenzayo, zibe neempahla zabo zangaphantsi zibonakala ngaphaya kweelokhwe zabo; into embi kanye njengokunxiba iibhulukhwe ezimfutshane, impahla yangaphantsi, okanye nantoni na eyenye. Nina bakwaMoya, zimfama, bashumayeli baseLawodike, ukuba uyakuninyamezela ithuba elingakanani na uThixo, andazi. Kuba . . . UThixo makabe nenceba ku— kumehlo enu amfamekileyo. Unayo intambiso yamehlo ngokuhlwanje, ukuze anivule amehlo, ukuze nibe nokubona.

156 Njengokuba benditshilo kusasanje, sikwisigaba sokubona, indawo eyintloko. Akusekho malungu wambi angentla kwalawo, onokuwashukumisa ngaphandle, ukwazi. Wena, ngokuvela kwimpumlo yakho, ungajoja; ngokuvela kwimilebe yakho, ungathetha; ngezandla zakho, ungachukumisa ufikelele; neenyawo zakho, njalo njalo; kodwa awunakudlulela ngaphaya kwamehlo akho.

157 UMalaki 4 ufikile; ukubona! "Kwaye kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa." Owu, hamba ekuKhanyeni!

Siyakuhamba ekuKhanyeni,
UkuKhanya okuhle,
Okuvela apho umbethe wenceba ukhanya khona;
UKhanya jikelele kuthi emini nasebusuku,
UYesu, iLizwi, ukuKhanya kwehlabathi.

158 Ewe, mhlekazi. Dlula uphume kuyo, owu, mzalwana, kwaye uyakuphuma unencasa yendoda engcwele, ngoMoya oyiNgcwele.

159 Owu, mfazi, dlula nje ekucingeni kwakho kwangoku kokunxiba. Dlula ekucingeni kwangoku, phambi kokuba uphumele phandle esitratweni phambi kwamadoda; nina bafazi baselula, nina maxhegokazi, phambi kokuba niphume phandle estratweni ninempahla zenu ezinibamba kangako, zithe phuhlu ngasemva nangaphambili. Andingomgxeki. Ndingumzalwana wenu. Ndimi phakathi kwabaphilileyo nabafileyo, kwaye ndiyayiqonda into endiyithethayo. Phambi kokuba uphume phandle, uze ube usazi ukuba umzimba wakho ukwimo engcwele, okanye ukwelingcwele iwonga athe uThixo wakunika lona; phambi kokuba ungene estratweni, unxibe ngolo hlobo, dlulisa ingqondo yakho iphumele kwiNtluzo yomfazi ocingayo. Kwaye mayikhumbule, ukuba, "Wonke umntu okukhangelayo ukuze akukhanuke, sowukrexeze naye." Uyikhumbule loo nto, dade.

160 Kwaye, mzalwana, phambi kokuba ujike intloko yakho ukhangele kuye, koko kukrwaqula kwesibini, dlulisa ingqondo yakho iphumele kwiNtluzo yendoda ecingayo. Uyakuphuma unencasa yendoda engcwele, 'yabona, yokwenza okulungileyo.

161 Qaphela, ukuba udlulise ingqondo yakho yaphumela kwiNtluzo yomfazi ocingayo, uyakuphuma unokunxiba komfazi ongcwele. Injalo loo nto. Uyakuphuma, mzalwana, unokujonga kwendoda engcwele. Ngoku, leyo yinto enye.

Yonke into oyenzayo, yidlulise iphumele kwiNtluzo yeLizwi likaThixo, ubone ukuba ilungile na okanye ayilunganga.

162 Uyakuphumela unokunxiba komfazi ongcwele, onenwele ezinde, unxibe ngokundilisekileyo; unomoya othobekileyo, ozolileyo; ungabi umile uxokozela, usilwa usenza yonke into. "Uzolile, unomoya othobekileyo, obobona butyebi bukhulu buvela kuThixo." IBhayibhile yatsho.

Ngoku ndifuna ukunibuza into, apho ngaphandle emazweni. Sizakuvala kwimizuzu embalwa.

163 Ngoku masithi sonke, ngokuhlwanje, sihlole iminqweno yethu, ke ngoko uyakuba nokubona ukuba luhlobo luni na lwentluzo obutsala ngayo. Masihlole, mntu ngamnye kuthi, apha nangaphandle kwisizwe siphela. Hlola iminqweno yakho, eyonanto ufuna yona ngenene ebomini. Hlola ukuba ulwela ntoni na. Hlola ukuba uzokufuna ntoni na apha. Hlola ukuba uyela ntoni na enkonzweni. Yintoni ekwenza . . . Kulungile ukuya enkonzweni, kodwa musa ukuya nje enkonzweni kuphela; loo nto ayiyi kukusindisa. 'Yabona? Hlola nje imizuzu embalwa, uthi, "Ingaba injongo yam . . . Luhlobo luni—luhlobo luni lwentluzo enditsala ngayo, kakade?"

Ke ukuba awuyi kumelana neLizwi likaThixo, nomphefumlo wakho ungakwenzi oko, ngoko kukho into engundonakele; kuba oku kubonisa ukuba yintoni na incasa yakho, ukuba ubomi . . . luhlobo luni na lobomi obungaphakathi kuwe. Ukuba bobungcwele, obunengqiqo, obuhloniphekileyo, buyakuphuma bulolo hlobo. Ukuba abunjalo, umelwe kukuba unenye incasa engaphakathi kuwe otsala kuyo. Ichanekile kanye loo nto.

Kwaye ukuba incasa iseLizwini likaThixo nakwintando kaThixo, ngoko uyazi ukuba yintoni na engaphakathi kuwe, yintoni na etsala incasa. Oko kubonisa ukuba uyinxalenye yela Lizwi. Ela Lizwi lingaphakathi kuwe, litsala okuvela kwiLizwi.

164 Yintoni eliyitsalayo? Litsala ngokuphuma kwiLizwi, ngokuba uyinxalenye yomzimba kaKristu weli lixa. Kwaye ukuba ela Lizwi lingaphakathi kuwe, Liyakutsala kuphela ngokuphuma kwiLizwi, uMoya ophilisa ela Lizwi lingaphakathi kuwe. ILizwi nje lilodwa alisayi kuphila. Naso isizathu, "Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza kuM; kwaye ukuba Ndithe ndaphakanyiswa, Ndiyakubatsala beze kuM bonke abantu," 'yabona. 'Yabona, "UBawo," inxalenye yoMzimba kaKristu esehlabathini, emiselwe ngenxa engaphambili, yafakwa ngaphakathi entliziyweni.

165 Nawuphi na umntu onguMkristu wenene, ozelwe ngokutsha namhlanje, uyazi, ukusukela ekubeni wayengumntwana omncinane, okanye intombazana encinane, nokuba yiyiphi na, ukuba kwakukho into ngaphakathi kuwe eyayilambele uThixo. Kwaye wazama ukujoyina iicawe nayo yonke enye into; ayabi nakusebenza. Yayiyintoni na? YayilelaLizwi. Wawuzingela iNtluzo. Yaze ngenye imini Yedlula phambi kwakho; wambona uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Loo nto yakwanelisa ukungcamla. 'Yabona?

Kuba, ubomi babungaphakathi kuwe, butsala. 'Yabona, ubomi obungaphakathi kuwe buyatsala. Bu—buxela ukuba uyintoni na umnqweno onawo apha. Uyatsala. Awunakutsala ngokuphumela *koku*, *noku, nokuya*. Umelwe kukufumana laa Ntluzo iyelungileyo, kuba ungumntu ocingayo. 'Yabona?

166 Ukuba ungumntu ocingayo, wamiselwa ngenxa engaphambili, okanye wahluzwa ngaphambili . . . ukusukela ekusekweni kwehlabathi.

167 Kwaye ukuba umfundisi wehlelo uyayiva lento, ndiyathemba ukuba uyakuthabatha iNtluzo yendoda ecingayo, ukuba ungumfundisi wehlelo. Ngoko uyakulahlela phantsi oko kuxinana kwehlelo kuyakuthi ngokuqinisekileyo kutshabalale, kuba lilizwi lomntu; aze amnkele iLizwi elihluziweyo likaThixo elingasayi kuze lisilele kungenjalo lidlule, kwaye

liyakukuLingana ukungcamla kwendoda engcwele. Kwaye, njengoYakobi, uyakunikezela lonke ihlabathi nokulambela lonke ihlelo okanye udumo, olukhoyo ehlabathini, apho unokuba ngubhishophu, umfundisi omkhulu, nokuba ungangumfundisi wesizwe omkhulu, okanye umalusi webandla elikhulu. Uyakunikezela yonke into ekhoyo. Hayi njengo-Esawu, ukuze ube yinxalenye yehlabathi; koko njengoYakobi, uyakunikela ngento yonke onayo ukuze ufumane ubuzibulo, iNtluzo yendoda ecingayo; kuba Iyakukunika incasa yendoda engcwele. Kwaye Iyakukwanelisa. Kwaye iyakuba kukwanela, ize ikungcwalise ngencasa enguNaphakade yokulunga okungcwele kukaThixo.

168 Khumbula, uSathana wagqobhoza umngxuma wokuqala kwingqondo-kaEva, okanye ekucingeni kwakhe, ukuze enze ukuba incasa yobulumko bakhe nolwazi iphumele ngaphakathi.

169 Ngoku cinga oko. Ndiyavala. USathana wagqobhoza umngxuma wokuqala waphumela, kuba yonke into awayeyitsala umfazi yayiliLizwi. YayinguMoya usiza ngeLizwi likaThixo, kuba wathi, "Okoko nje nisaphefumla ngale Ntluzo, anisayi kufa; kodwa ukuba nikhe naphefumla ngale ingaphandle *apha*, niyakufa." 'Yabona?

170 Ke uSathana wathi, "Kodwa awazi nto *apha*. Kodwa ngcamla incasa encinane yoku *kulapha*, ke ngoko uyakwazi; uyakuba njengoThixo. 'Yabona, Uyakwazi okulungileyo nokungalunganga; anikwazi nina. Kwaye ukuba nje uthe wathabatha ukungcamla okuncinane *koku*." Waze ke wamvumela ukuba agqobhoze umngxuma kuko, umngxuma nje omnye omncinane.

171 Ngoku niyabona ukuba kutheni na ndisithi . . . Usithi, "Kutheni ungafundisi abafazi nje, nabanjalo, indlela yokwamkela izipho nezinto ezilolo hlobo?"

172 Ndathi, "Ungabafundisa njani na izibalo ezisebenzisa oonobumba xa bengafuni kufunda no-ABC babo?"

Umngxuma omncinane kuphela nguwo owenza loo nto. Wathabatha ubulumko behlabathi, kwaye, wathi akwenza njalo, bangenisa ukufa kusapho luphela, efuna ukungcamla kubulumko.

173 Ngoku khangela kuloo ntluzo, kwaye ngokuqinisekileyo yiyo eyabonakalisa incasa yakhe. Incasa yakhe yayiyeyehlabathi; yiloo nto anayo. Yiloo nto ekuyiyo namhlanje. Bathanda ihlabathi nezinto zehlabathi, benokumila kokuhlonela uthixo, kodwa bewakhanyela aMandla ako. 'Yabona, uSathana uyakubavumela bathethe ngeelwimi; uyakubavumela bakhwaze; uyakubenza bafumane iinkonzo zempiliso eNgcwele; uyakubavumela benze zonke ezi ntlobo zezinto.

174 Yena uthi, “Baninzi abayakuza kuM ngaloo mini, kwaye, ‘Nkosi, andizange ndikhuphe iidemoni, andizange ndenze imisebenzi emininzi, ndenze *oku*?’” Uyakuthi, “Andizanga ndikwazi nokukwazi, msebenzi wobugqwetha.” Xa iLizwi labekwa kanye phambi kwakho waze wabe usamfimfitha laa ntluzo indala yehlabathi, ’yabona, oko kubonisa incasa eyayingaphakathi entliziyweni.

175 Amahobe akanako ukudla inyama ebolileyo. Akanayikudla. Akanayo inyongo. Unomyayi angadla imbewu njengehobe aze ayokudla kwinyama ebolileyo njengonomyayi, ’yabona, ngokuba ungumhanahanisi. Kodwa ihobe alakhiwanga njengayo nanye intaka eyenye, kwaye kungenxa yesosizathu ukuba uThixo abe wazimisa njengeHobe lisihla liphuma eZulwini. ’Yabona? Alinako—alinako ukumelana nokunuka kwenyama ebolileyo. Aliloxhalanga; isizathu, kukuba alinanyongo konke. Alinakuba nakuyicola. Ingalibulala, ukuba lithe layidla.

Kwaye ihobe akuye kufuneke ukuba lihlambe umzimba. Umzimba wehobe ukhupha i-oli esuka ngaphathi, yiyo eligcina licocekile. Bubomi obungaphakathi kwihobe; buvelisa kulo i-oli egcina iintsiba zicocekile. Unjalo ke noMkristu; kukho uBomi ngaphakathi kubo obubagcina becocekile. Buhluziwe.

176 Owu, qaphela! Noku khangela kuye . . . kwintluzo, kwaye ngokuqinisekileyo ungayibona incasa yayo, yalo nto bayenzayo namhlanje.

177 Khangela kwelibandla lalemihla. Khangela kwintluzo yabo. Ungabona ukuba yintoni na abayithandayo. Ubone ukuba yintoni na abanayo. Uthando, bathanda ntoni? UNkszn. Lawodike oyintloko kumgwebo kaThixo. Injalo loo nto. Uthando, uthando lwebandla namhlanje lolweLawodike, umbutho omkhulu, ukulungiselela okukhulu, into enkulu, abantu abanxibe kakuhle, abaphucuke kakhulu, bezele bubulumko, bezaliswe ngumtyholi, phantsi kobuqhinga obungebandla likaKristu. Linye kuphela igama engelilapho, “umchasi-Kristu.” Kuba yonke into awayifundisayo uKristu, bachasene ngeliphandle nayo iyonke; kunjalo, kokwanele nje ukuba babe nokuzibiza ngoloo hlobo.

178 Ngoku ukuba ningabantu abacingayo kusihlwanje, apha nangaphandle kwilizwe oya kulo uMyalezo, umnqweno wenu uyakuba yincasa yeBhayibhile, hayi incasa yehlelo, kuba niyakugwetywa kwangaloo Bhayibhile, iLizwi endinicela ukuba nibuhluze buphume kulo ubomi benu. Kwaye ukwala iGama libe linye kuLo, ubange ukuba umphefumlo wakho udlule kwelo Gama linye, awusayi kwamkelwa. “Kuba umntu akayi kuphila, aphefumle, ngasonka sodwa, koko ngamazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo.”

179 Kwaye uyakungeniswa kuwe, umiselwe ngenxa engaphambili. Kwaye xa iNkosi iphefumlela kuwe, uMoya waYo uyakuliphilisa ela Lizwi libe yinene, kwaye uyakubona ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Owu, bethu!

180 Shiya amahlelo emvaba ehlabathi, ipakethe yezenkolo. Yiyeke ilale apho njengala pakethe yomdiza isematyholweni. Yiyeke ibole ivuthuluke. Yi—yintluzo ephosakeleyo. Uze uthabathe iLizwi, lona linguKristu, ophayo, nobubutyebi, oyigcinayo incasa yoBomi obunguNaphakade, kuye wonke oyakubuthabatha, uBomi obunguNaphakade.

181 ILizwi, ukuba umiselwe ngenxa engaphambili, uyaLibona. Akukho ndlel yakuLifihla kuwe. Ukhangela apho uthi, "Kuba, Licace nje kangako phambi kobuso bam! Ndingakhangela kuLo; lilo elo. Ndikhangele kuLo kanye. NdiyaLibona. LiLo eli, liLizwi; Lizwi ngalinye, iLizwi neLizwi, liphila." Ngoko nantso incasa yoBomi obunguNaphakade oyifunayo.

Kwaye xa uphefumla uphume loo Nto, yintoni enokuphuma kuloo Nto, iNtluzo kaThixo? Akukho nto ingenguwo uMoya; akukho hlabathi, konke; akukho kungakholwa, konke. YiNtluzo kaThixo leyo. Kwaye xa uphefuumla ngokuphumela kuYo, akukho nto inokuphumela kuYo ingenguwo uMoya oyiNgcwele.

182 Ngoku unabo ubungqina bukaMoya oyiNgcwele, 'yabona, incasa yendoda engcwele okanye umfazi. Bafuna ukuphila. BanoBomi obunguNaphakade. Kwaye ngenxa yokuba eli Lizwi liphilisiwe kubo, bayaphila; iNtluzo yendoda ecingayo, nencasa yendoda engcwele.

183 Musa ukuthabatha ihlabathi, njengezankampani zemidiza, phantsi kokuqhatha, kodwa thabatha iNtluzo yenene yendoda ecingayo. Wuhluze umphefumlo owuphefumlayo, ukudla okudlayo, yonke into oyiyo; phefumla ngokuphumela kwiLizwi likaThixo, kwaye uyakuba nencasa yendoda engcwele, kuba, Liyakuvelisa loo nto, kuba nguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade.

184 Kwaye ndiyazi, nokuba siyiyo na okanye nokuba asiyiyo na . . . Ndiyakholwa ukuba siyiyo. Kodwa, ukuba asiyiyo, kukho umntu othile ehlabathini namhlanje, oyinxalenye yoMzimba kaKristu; kwaye Uyakuphila kuphela ngeLizwi likaThixo, lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo lesi sigaba sexesha siphila kuso ngoku.

185 Kwaye andiboni apho ihlelo . . . Loo Mazwi acace kangako eBhayibhileni athi kuyakwenzeka, nezinto eziyakubakho, kwaye naku siphila kanye kuwo ngoku. Andiboni apho kunokuba yenye into ngaphandle kwale.

186 Bandla, ndiyaqonda ukuba ndimelwe kukuma nani eMgwebeni ngenye imini. Makube le kum ukuba ndikhe ndinixelele nantoni na ephosakeleyo, ndisenzela udumo.

Andiyifuni loo nto. Ukuba ndandinawo umnqweno wam, ngendaba nako, umnqweno wam nje wobuntu, bendiyakuthabatha umpu wam ndiye kungena ematyholweni ndizakhele ibhodlo, ndithiyele, ubomi bam bonke. Ndiyaluphala, ndidiniwe, ndiphelile kukudinwa. Ndaphukile empilweni, kodwa andinakunikezela. Kukho into ethile engaphakathi kum, egrayayo. Yeha kum ukuba andiyixeli iNyaniso neNyaniso iyonke. Yeha kum ukuba andimi ude umphefumlo wokugqibela womzimba wam ube undishiyile. Ndimelwe kukuma, ngaphandle kwayo nantoni na ethethwa nangubani na. Ndinoxanduva phambi koThixo.

187 Kwaye ndiyakholwa ngenene ukuba ezi zinto sizishumayelayo ziyiNyaniso. Hayi ngenxa yokuba indim ozishumayelayo. Hayi, mzalwana wam. Hayi, mhlekazi. UThixo uyayazi intliziyo yam. Indlela ebendinokuthanda ngayo ukuhlala phaya phantsi ebandleni ndiphulaphule umthanjiswa eshumayela. Bekunokuba lula njani kum, ngokuqinisekileyo kuba ndiyakuba noBomi obunguNaphakade ngendlela efanayo nendoda esepulpitini. Ndiyinxalenye yaBo njengokuba nayo iyiyo. Bendiyakuya kwiZulu elinye, ndibe kwanaloo malungelo manye. Bekuyakuba lula njani kum ukuhlala apho phantsi ndize ndingafumani oku kuntlitheka, ukubethwa, nokuqhubela phambili. Bekuyakubanjani ukuba lula, kungaphandle kokuba nobusuku bonke bokungalali, iyure nesiqingatha seyure, okanye iiyure ezimbini; uzamazamana ubusuku bonke nezinto ezivelayo. Bekuyakuba lula njani kum ukwenza oko, ndithabathe umpu wam ngentsasa elandelayo, igwegwe lam lokuloba, ndiye kuloba okanye ndizingele! Bekuyakuba lula kangakanani! Kodwa, mzalwana, kube liqashiso lam. Wanga uThixo angandinceda ukuba ndingayitshikileli indawo eyeyam yokusebenza, koko ndime ndithembeke ndinyaniseke, ndivelise kuni iNtluzo yendoda ecingayo eyakuninika incasa yendoda engcwele.

188 INtluzo yendoda ecingayo ngamanzi, angawamanzi wokwahlula. Kukusulungekiswa esonweni, aliLizwi likaThixo. Kwaye indoda ecingayo, indoda eyaziyo ukuba imelwe kukuma phambi koThixo, iyazi ukuba iyakuphendula ngeLizwi ngalinye leBhayibhile, Liyakuyanelisa loo ncasa isentliziyweni yakho. Wanga uThixo angasinceda ukuba siyamnkele, sisathoba iintloko zethu.

189 Thixo Othandekayo, enye iyure okanye ezimbini zidlule. Iwotshi ihambile yajikeleza ngoku. UMyalezo ngoku ungena kwimbali, kwaye Ushicilelwe eNcwadini. Sonke simelwe kukuphendula ngoku ngenxa yale nto, yonke intshukumo esayenzayo, lonke ilizwi esalithethayo, yonke ingcinga ethe yedlula engqondweni yethu, okushicilelweyo kusadlala. Kuyakudlala kuqhubele phambili bude ubomi budlule, size ngoko siphendule ngoMhla woMgwebo.

190 Owu Thixo, uMdali omkhulu wamazulu nehlabathi, lowo sikholwa kuYe, ndithandazela aba bantu ngalo mhla. Ndiyazithandazela kunye nabo, ukuba Nkosi Yesu, ukuba Ubambe iNtluzo yaKho. Kwaye ukuba ndithetha nantoni na eyehlambelayo, Nkosi, mna . . . entliziyweni yam andiyazi. Ndiyathandaza ukuba ukuba iyinto ephosakeleyo kum ukuthabatha iLizwi laKho ndize ndisebenzise into enjengaleya, Undixolele ngaloo nto.

191 Kodwa, Nkosi, ndicinge ukuba xa Ubuthetha kum phaya ematyholweni, Uyalazi ixesha kusasa, kwenzeke nje ukuba ndingabinakukhupha oko engqondweni yam. Ndikwamkele nje ngokuvela kuWe. Ngoko, Bawo, Thixo, sele ndikuthethile. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Ukwenze kube ngaloo ndlela bendicinga ukuba kuyakuba ngayo, ukuze indoda ecingayo, indoda ukuba inayo nantoni na enokuyicinga konke, iyakuthi yazi ukuba imelwe kukuma Phambi koThixo, kwaye ayisayi kungenisa kumphefumlo wayo nantoni na engcolisayo okanye echasene neLizwi likaThixo.

192 Kwaye, Bawo, siyayiqonda loo nto, njengokuba ndithelekise oku nale mibutho yanamhlanje; ingekuko ukuze ndahluke, Nkosi. Uyakundigweba, ngamhla uthile, ngokuvela entliziyweni yam. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Ubone ukuba ibingekokuze ndahluke, kodwa ibikukunyaniseka, ukuzama ukuba ngonyanisekileyo, ndiqonda ukuba ndiphethe okuthengwe ngeGazi laKho, ukusuka kunxweme ukuya kunxweme, nangoku, esandleni sam. Kwaye abaninzi babo bakholiwe Ludaba.

193 Kwaye, Thixo weZulu, kwanga akungebikho namnye kubo ulahlekayo. Ndiyababanga, mntu ngamnye, ndibambe phambi kwabo iNtluzo yokukhupha esonweni, amanzi okwahlula, iGazi likaYesu Kristu, iLizwi lenziwe inyama. Siphe, Nkosi. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angagaleleka ngaso sonke isithembiso, emiphefumlweni yethu. Kwaye sangangaphila njengabameli boMtshakazi kaYesu Kristu, ngexesha lamehlo, lokubona ekuKhanyeni kwangokuhlwa, kuba sikuzisa kuWe oku eGameni likaYesu Kristu. Amen.

194 NiyaMthanda? [Ibandla, “Amen.”] Niyakholwa liLo? [“Amen.”—Mhl.] Mna, ukuba ndithethe nantoni na ephosakeleyo, ngokuthi, “intluzo yendoda ecingayo,” andisenakuphinda ndiyithethe. Andinamfundo. Ndimelwe nje kukuthetha oko kufikayo kum. Kwaye ndithe ndakubona laa nto ilele phaya, ndacinga,”Ngonjani umgca wobuhanahanisi!”

Kwaye iNto ethile ithe, “Kanye njengebandla.”

195 Intluzo yendoda ecingayo! Owu, bethu! Kukho okungaphezu koko malunga naloo nto. Indoda ecingayo ayinakuyisebenzisa loo nto konke. ’Yabona? Ngokuqinisekileyo akunjalo. Kwaye inqwenela incasa yendoda etshayayo, injalo

loo nto, ngokuba imelwe kukufumana loo nto ukuze yanelise incasa yayo. Kodwa indoda ecingayo ngenene eyaziyo ukuba umphefumlo wayo uzakuya eMgwebeni, iyakuyihluza incasa yayo ngeLizwi likaThixo. "Kuba bonke aNdinike bona uBawo bayakuza kuM." Kwaye uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo, elingaManzi okwahlula, athi . . . asahlula sisuke esonweni. Kuba, xa siphumela kwiLizwi, siyasibona ukuba sisono ukungaLikholwa, ngoko sisuka nje siLikholwe siqhubele phambili. Oko kukwahlula esonweni. NiyaMthanda? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

NdiyaMthanda, ndiya . . .

Masiziphakamisele kuYe ngoku izandla zethu.

Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari emthini.

196 Wathini Yena? "Abantu bayakwazi ngale nto ukuba ningabadisipile baM, xa nithanda, nithandana omnye nomnye." Ngoku masibambe isandla somnye umntu ngeli thuba siliculayo kwakhona, sithi, "Ndiyakuthanda, nawe, mzalwana."

NdiyaMthanda, ndi . . . (Oku kukukwazisa loo nto . . .)
. . . Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari emthini.

197 Ngoku, niyayithanda iNtluzo yendoda ecingayo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Xa uphumela estratweni ukuya kugilana ngengalo nehlabathi ngomso, mzalwana, dade, unayo iNtluzo yendoda ecingayo? Xa loo ndoda ikubiza ngomqengqeleki ongcwele, uyayisebenzisa na iNtluzo yendoda ecingayo? Xa loo mntu uthile ethetha into ethile engcolileyo ngokubhekiselele kuwe, unayo iNtluzo yendoda ecingayo? 'Yabona, yenza okulungileyo ngenxa yokubi. Thandazela abo bakhohlakeleyo kuwe, nabo bakutshutshisayo, ngoko uyakuba uphefumla ngokuphumela kwiNtluzo yendoda ecingayo.

198 Kuba ukuba uthanda abo balungileyo bakuthandayo, njengokuba besibambana izandla, njengabathandekayo abathandwa yiNkosi, intle loo nto, kodwa ungabathanda nabangathandekiyo? Nantso iNtluzo yendoda ecingayo. Nanko uMoya kaKristu okuwe, ukuthanda abo bangakuthandiyo, ngoko unawo umvuzo kaThixo. Kodwa, ngoku, ukuba oko ukwenza ngokomsebenzi, awukabinayo nangoko eyendoda ecingayo . . . Ulapha nje kwisigaba sesibini. Kodwa ukuba kuvela entliziyweni yakho umthanda ngenene, ngoko uphefumla ngokuphumela kwiNtluzo yendoda ecingayo. Kwaye loo Nto iyayanelisa incasa yendoda engcwele, ukuba

wazi, ngokusuka entliziyweni yakho uxolele wonke umntu, yonke into, ungenamsebenzi nokuba kwenzeke ntoni na. Akamangalisi Yena?

. . . ndithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari emthini.

Siyakuhamba ekuKhanyeni,
KukuKhanya okuhle,
Kuvela apho amathontsi ombethe wenceba akhanya khona;
Ebengezela esijikelezile emini nasebusuku,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Siyakuhamba koku kuKhanya, Kokunjani ukuba kuhle ukuKhanya;
Kwaye kubakho apho (kuhluzwe) amathontsi ombethe akhazimla khona;
Owu, ukuKhanya kusijikelezile emini nasebusuku,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Yizani, nonke bangcwele bokuKhanya, nibize,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi;
Ngoko intsimbi zeZulu ziyakukhala,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Owu, siyakuhamba ekuKhanyeni, Kokunjani ukuba kuhle ukuKhanya;
Kuvela apho amathontsi ombethe wenceba akhazimla khona;
Owu, ukuKhanya kusijikelezile emini nasebusuku,
UYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Niyalithanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Owu, siyakuhamba koku kuKhanya, Kokunjani ukuba kuhle ukuKhanya;
Kwaye kuvela apho amathontsi ombethe wenceba akhanya khona;
UkuKhanya kusijikelezile emini nasebusuku,
KunguYesu, ukuKhanya kwehlabathi.

Ndiyalithanda nje elo culo!

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Mvana yeKalvari,
Owu Msindisi oNgcwele;
Ngoku ndive ndisathandaza,
Susa sonke isono sam . . . (Ndihluze, Nkosi, ndiphumele kwiLizwi.)
Owu mandithi ukususela namhlanje
Ndibe ngowaKho ngokupheleleyo!

Cinga nje ngaloo nto, ukuhluzwa uphumele kwiLizwi, "Ngokupheleleyo ndibe ngowaKho."

Ndisacand'udada,
Ubuhlungu bundijikelezile ndonke,
Yiba nguMkhokeli wam Wena;
Yenza ubumnyama bube yimini,
Yosula uloyiko lwentlungu,
Ungandivumeli kananjalo ndilahleke
Ukumka kuWe.

[UMzalwana uyaqalisa ukungqumshela u-*Lukhangela Kuwe Ukholo Lwam—Mhl.]*

. . . kwintliziyo yam ephelelwayo,
Phembelela umdla wam;
Owu yenza ubumnyama bube yimini,
Wosule iinyembezi zosizi,
Owu ukususela namhlanje
Ndibe ngowaKho ngokupheleleyo!

199 Thixo Othandekayo, siyathanda ukuKuculela, kuba kulapho sibonakalisa khona indlela esiziva ngayo, umdla wethu, ibandla lilonke, njengokuba Wena usiphefumlela ngeLizwi loBomi. Sinombulelo kakhulu, Nkosi. Nangelo culo, samnkele, Awungekhe, Nkosi? Kuba umnqweno wethu, ingowokuhluzwa ngeLizwi likaThixo, sihambe usuku ngalunye ekuKhanyeni, ukuKhanya kweVangeli.

Uze uzalise indlela yethu suku ngalunye ngothando
Njengokuba sihamba neHobe leZulu;
Masihambe lonke ithuba, sineculo noncumo,
Zalisa indlela yethu suku ngalunye ngothando

200 Siphe oko, Nkosi. Sisikelele sisonke ngoku. Sisikelele sisonke ngoku. Maluthi ubabalo lwaKho nenceba ibe nathi. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo kulo lonke eli lizwe.

201 SiyaKubulela ngenxa kaMzalwana Coggins ngokuhlwanje, ngokuba Umenze wasishiya isibhedlele, ukuze agoduke ephilile. SiyaKubulela ngazo zonke ezi zinto Uzenzileyo, nangokomelela kwethu kuba siziva sinyuselwe phezulu ngoku.

202 SiyaKubulela ngoMyalezo omncinane oshunqulelweyo ngokuhlwanje, Nkosi. A—andiwenzanga ngendlela eyiyo, kodwa ndiyathandaza, Nkosi, ukuba uwenze ulunge emehlweni abantu, ukuze babe nokubona bazi ukuba ubusenzelwa ntoni na. Fumana uzuko ngenxa yawo, Nkosi, kwaye sanga singanako oku kuqonda, ukuba akukho nto iyenye, ukuba simelwe kukuphila ngeSonka seLizwi likaThixo, sihluziwe sivela kuThixo senzelwe kuphela abantwana baKhe bodwa. Libandla elahluliweyo. Ayisiso esakhe namnye

ongomnye. Sesabo kuphela, abanyuliweyo baKho, njengokuba amanzi ethokazi elibomvu okwahlula ayengawebandla likaSirayeli kuphela. Ngoko, Bawo, siyazi ukuba iSonka seseZimvu zodwa.

"Akulunganga ukuthabatha iSonka sabantwana usiphose ezinjeni," watsho uYesu.

Kwaye umfazi, ephendula, wathi, "Ewe, Nkosi, yinyaniso leyo, kodwa ndikulungele nokuthabatha imvuthuluka."

Kwaye siziva sinjalo ngokuhlwanje, Nkosi. Sifuna konke oko Unokusinika kona, Bawo, kuba silambele sinxanelwe okuthe chatha kwaKho.

203 Siphe ukuba ukulamba kwethu kuzaliswe neminqweno yethu yaziswe, kuba, Bawo, sifuna ukuba nomnqweno wendoda elilungisa. Kwaye iNdoda elilungisa yayinguYesu Kristu, nomnqweno waKhe ikukwenza intando kaBawo, eyayiliLizwi. Siphe oko, Bawo. Sikucela eGameni laKhe. Amen.

Masiphakame ngoku ngeli thuba sicula iculo lethu lokuphuma, elithi, *Thabatha Igama LikaYesu Uhambe Nalo*.

204 Ngaphandle kwezinye iindawo ngoku, apho lo Myalezo ufikelele khona kusihlwanje, wanga uThixo anganani ngoku sisahlukana emthandazweni. Wanga umntu ngamnye kuni, apho ngaphandle, ndiyathemba ukuba nikonwabele ukuwuva njengokuba ndenze njalo ngoKuwuzisa kuni. Kwaye ndiyathemba ukuba uThixo uyakuWubeka ngaphakathi ezintliziyweni zenu aze aninike ingcaciso eyiyo yaWo.

205 Kwaye nina bantu balapha esihlweleni ninezitshefu zilele apha, ndibeke izandla phezu kwazo. Ndiyathandaza ukuba uThixo aphilise umntu ngamnye kuni, akusayi kubakho bantu bagulayo phakathi kwenu, niyabona indlela uThixo wethu aphendula ngayo umthandazo.

206 Xa sithe sahlanganisana, "Abantu ababizwa ngeGama laM bayakuhlanganisana bathandaze, ngoko Ndiyakuva ndiseZulwini." Wathembisa ukuyenza loo nto.

207 Ngoko, asahlukananga. Singumntu nje omnye; sisonke simnye, kuKristu Yesu. Kwaye mntu ngamnye uthandazela omnye; nize nindithandazele njengokuba nam ndinithandazela. NoThixo anisikelele side sinibone kwakhona.

208 Kwaye ndiyathemba ukuba niyakuthi rhoqo. . .nina nihlala apha kufutshane, niyakuza apha emnqubeni nize nityelele apha kumlungiseleli wethu othandekayo, uMzalwana uNeville. Uyakuqhuba kakuhle nani, uMzalwana uMann naba bantu balungileyo banabo apha emnqubeni.

209 Ukuba ukufutshane kuMzalwana uJunior Jackson okanye omnye wabo bonke abalapha elizweni, eNew York

nakwindawo ezahlukeneyo apho baneenkonzo khona, ukujikeleza e-Arizona naseCalifornia, tyelela kwezo nkonzo ukuba ulapho ngaphandle. Siyathandaza ukuba ubuyele apho kwakhona ufumane umlungiseleli oyakukunceda ukuba wazi malunga neNkosi uYesu.

210 UThixo anisikelele ngoku ngeli thuba sicula u-*Thabatha Igama LikaYesu Uhambe Nalo*.

. . . igama likaYesu uhambe nalo,
Mntwana wentsizi nentlupheko,
Liyakukunika uvuyo nentuthuzelo,

[UMzalwana uBranham uthetha nomntu othile eqongeni—Mhl.]

. . . uhamba.

IGama elithandekayo (IGama elithandekayo),
Owu limnandi!
(Owu Limnandi!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elithandekayo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

211 Xa ndikhangela apha esihlweleni ngokuhlwanje, ndibona uMzalwana Estle Beeler phaya emva, uMzalwana Palmer, nabaninzi, uMzalwana J. T. nabaninzi kakhulu babalungiseleli bemi jikelele apha, andinakuwabiza onke amagama abo. Ndinqwenela ukuba ndibe bendinokuba nani, ngabanye, apha phezulu, nize nonke nibe nokundulula ibandla okanye nibe nento eniyenzayo. Niyaqonda, akunjalo? Ndiyazi ukuba ninentliziyo yoBukristu nisazi ukuba simelwe ukuba si . . . indlela esi—indlela esiyiyo; sisonke singuMntu omnye, kuKristu Yesu.

212 Ngoku masikhumbule lo mqolo ulandelayo njengokuba siwucula, xa uMzalwana Martin lo ezakusindulula ngomthandazo. Kwaye ndifuna ukuthi . . . Lo Mzalwana u-Earl Martin usuka, ndiyakholwa, usuka e-Arkansas okanye—okanye eMissouri. [UMzalwana u-Earl Martin uthi, "E-Missouri."—Mhl.] EMissouri, kanye kumda we-Arkansas, eMissouri kuloo mda. Banebandla phaya ezantsi.

213 Kwaye ndiqaphele omnye lo umzalwana usuka apho emazantsi, andilikhumbuli igama lakhe, uBrewer. Ebelapha ngale ntsasa. Ndiyakholwa ukuba uselapha nangokuhlwanje. Ewe, ndimbona emi apha kweli cala, uMzalwana uBrewer. Ndithembise ukudlula ndenze unikezelo lweenkonzo zabo, amaxesha amaninzi. Ndiyakufika apho ngenye imini. Ngoncedo lweNkosi, ndinganakho.

Ngoku, ngeli thuba sicula lo mqolo ulandelayo ngoku.

EGameni likaYesu ndiyathoba,
Ndisiwa natya ezinyaweni zaKhe,
Uukumkani wookumkani oseZulwini uyakuMthwesa,
Xa uhambo lwethu luphelile.

Masilicule ngoku.

EGameni likaYesu ndiyathoba,
Ndiwa natya ezinyaweni zaKhe,
Kumkani wookumkani oseZulwini uyakuMthwesa,
Xa uhambo lwethu luphelile.

IGama elinoyolo (IGama elinoyolo), Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elinoyolo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Owu, thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Njengekhaka kuso sonke isabatha; (phulaphula ngoku)
Owu, xa izilingo zikurhangqile, (kufuneka wenze ntoni?)
Phefumla nje elo Gama lingcwele emthandazweni.

IGama elinoyolo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elinoyolo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Masithobe iintloko zethu.

Owu iGama elinoyolo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elinoyolo (sibhaptizelwe kuLo; sithandaza ngaLo),
Owu limnandi kangakanani
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Mzalwana uMartin. [UMzalwana uMartin uyathandaza—Mhl.]

Intluzo Yendoda Ecingayo, Umq. 9 Inani 1
(*A Thinking Man's Filter*, Vol. 5 No. 6R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngorhatya umhla wama 22 kuAgasti, ngowe-1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2000 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org